Amaqula Aqhekekileyo

Nkosi, ndiyakholwa; Nkosi, ndiyakholwa,
Zonke izinto zinokwenzeka; Nkosi,
ndiyakholwa.

2 Masime njalo nje okwethutyana kwaye sithobise iintloko zethu. Nkosi Yesu, siyazama ngendlela yethu ethobekileyo, ukuvakalisa kuWe, ngokucula oku, ukuba siyakholwa. Kwaye siyathandaza, Nkosi, ukuba ngoku, ukuba Uyakuqhubekeka uqhekeza iSonka soBomi kuthi, usinika oko sinesidingo sako, kwiLizwi Lakho. Oku sikucela eGameni likaYesu. Amen.

3 Ningahlala. Ndiqinisekile, ukuba singanakho, ukuba ndingatsho ilizwi elipheleleyo ngoku lika "amen," ukuba ezihloniphekileyo iintsikelelo zikaThixo zingaphumla phezu kwesisihlwele.

4 Bendihleli kulentsasa kwaye ndiphulaphule ngokuzondelela kwinkonzo, ndibonwabele ubugqina, iindlela ezahlukeneyo ubani anakho ukuzivakalisa yena. Kwaye ukuva abaqalayo ukuza, umzalwana waseBhaptizi apha ozekuxolisa ngokucinga okuncinci okungalunganga. Ngoko ndi—ndiyamncoma ngokuqinisekileyo umntu, umntu onokuba ngumntu ngokupheleleyo, okanye—okanye inene ngokupheleleyo, nalo, ukuba ucinga ukuba wenze impazamo. Akaxolisanga ngokuchanekileyo kum, ibingendim ebexolisa kuye, ibinguThixo. Ngoko ndi—ndiyayincoma lo nto, yabona. UThixo amsikelele umzalwana wethu, kunye nomzalwana wakhe ongumvangeli.

5 Bethu, laMbhaptizi, uyazi, ndandikwi nkonzo yaseBhaptizi mna. Ndandililungu le Missionary Baptist Church. Xa ndisiza phakathi kwabantu, ndiyazi ukuba niva njani. Ndandiziva kwangalo ndlela, nje ukuzala kokuthile endi—endandinga kwazi.

6 Ndikhumbula amava am okuqala okubona awakwamoya, kwakuseDowagiac, Michigan . . . ndicela uxolo, ndandise Dowagiac kuhambo lokuloba, kwaye ndandisihla ndivela eDowagiac, ukwehla uyokutsho e-Indiana. Kwaye ndaza ndabona amagama, ka "Yesu" kuzo zonke iimoto nezinto, ndaza ndaphulaphula kwiinkonzo zabo ngalo mini. Kwaye ngosuku olulandelayo bandicela ukuba ndize eqongeni, ukuza kutsho amazwi ambalwa, kwaye ndakwenza. Kwaye nda . . . Bandibuza ukuba ndingowayiphi na icawa, ndaza ndabaxelela ukuba ndingumBhaptizi.

7 Kwaye ngobo busuku babenendoda endala yebala eyayizakushumayela, kwaye kwakumele ukuba usekudluleni

kwakhe kumashumi asibhozo, kwaye waphuma waza eqongeni. Umfo omdala, baphantse bamkhokela ukuphuma. Waye, nenye yezodyasi zabashumayeli zinde kuye, ikhola yevelvet, kunye nomgca omncinci omhlophe wonwele oluthambileyo lujikelezile ecaleni. Kwaye ndacinga, "Onke la madoda apha nabezakwalizwi, amadoda amakhulu, banokuyivumela kanjani le nkonzo inikelwe kumfo onjengalowa? Kulungile, indoda endala ifanele ukuba isesitulweni ndaweni ithile, ihleli phantsi."

8 Babeshumayela ngalomini ngakwenzileyo uYesu apha emhlabeni. Kwaye, kodwa weza, wathabatha umxholo wakhe, ndiyakholwa wawukuYobhi . . .:7, 20, andinakuqiniseka ukuba sesoSibhalo. Nakanjani, esi sisichatshulwa, okanye inxalenye ethile yaso, "Wawuphi na xa Ndandibeka iziseko zehlabathi, xa amakhwezi okusa ecula kunye, kwaye oonyana bakaThixo beduma luvuyo?" Kwaye wathetha ngokwaqhubekayo eZulwini, ngelixesha babethetha ngokwaqhubekayo emhlabeni.

9 Kwaye ndaweni ithile, malunga nemizuzu emihlanu emva kokuba wayethetha, wa, uMoya weNkosi wambetha, kwaye waxhumela phezulu emgangathweni wangqubanisa izithende zakhe zombini. Bethu, kwakukho igumbi elikhulu kakhulu, kwakukho malunga nesiqingatha kweli qonga; kwaye wahamba wemka, wathi, "Ntonje aninagumbi apha laneleyo lokuba mna ndishumayele."

10 Kulungile, ndandimalunga namashumi amabini eminyaka ubudala ngoko. Ndacinga, "Ukuba—ukuba oko kuyakuyenzela okuya la ndoda indala, iyakundenzela ntoni mna?" Ngoko yabona?

11 Ndaweni yokugcina yonke into ingocwangco ukwenzela abazalwana bethu abatsha, ukuze sibamkelele ngokuqinisekileyo kubudlelwana bethu. Ndiyabona, ndiyakholwa bakhankanyile ngombingeleli ohleliyo apha, ndiyacinga; ngoba, ukuba ngumIrish, abantu bakuthi ngamaKatolika. Kwaye ngoku kwakukho iqelana elininzi, amaBhaptizi nabanye abohlukileyo. Ungaba ngobhidakeleyo kancinci, kwixesha eligqithileyo. Ndiqaphele ukuba akukho namnye kubazalwana okhe wathetha ngalonto, kodwa ndicinge ukuba ndiyakuzama ukuyilungisa. Xa uMzalwana uShakarian . . .Emva kwesithethi esilungileyo apha wazaliswa kakhulu luvuyo, lokukwazi Ukuza kweNkosi kukufuphi, wa—wathetha ngelwimi elingaziwayo, kuthi. Kwaye sinabo abatoliki abanika utoliko. Oko, iSibhalo sithi, "Ukuba akukho toliki, ngoko mabathule." Kodwa ukuba—ukuba bathetha ngeelwimi baze balitolike, iba sisiprofetho. Ngoko ukubhidana okuncinci kwa—kwababini ngaxeshanye. Ngoku, kwakungabhidisi nakancinci oko, yabona; ngokuba, omnye kubo wayenika utoliko, omnye wayeprofetha. Yabona? Ngoko yinto e . . .

12 Ndicinge ndiyakwenza abazalwana bethu baqonde, ukuba bebengaqondi, ngokuba omnye kubo ngokuchanekileyo ubenika . . . Ukuqaphele ukuncitshiswa kwamaxesha abo? Kwaye omnye wayezalisiwe kakhulu nje, yena, kuba uMoya kaThixo wayeprofetha ngomnye; utolike, omnye wayenika utoliko. Ukuze icace, ukuba u . . . asi . . . Ngamanye amaxesha, kwingqiqo yemvelo . . . Nje ngomzalwana wethu othandekayo oxolisileyo ngalentsasa. Inokubhidisa kancinci kumntu ongaqondiyo. Kodwa kwabo bangaphakathi, amagqala emfazwe esikuyo, kutheni, siyayiqonda ukuba, ziyintoni ezizinto. Ngoko bendicinga nje ukuba ndiyakutsho okuthile ngayo, ukuba bekulungile.

13 Ngoku, ndi—ndiyazi ukuba le asiyondawo yokutsho oku. Kodwa ngokuba abantu bebexela izinto ezincinci, ndi . . . Uyazi, la mfo wathi, indoda endala yebala yathi, "aninagumbi laneleyo lam lokushumayela." Anina*xesha* laneleyo lam lokushumayela. [Ibandla liyavuya—Mhl.] Okanye elololiweyo.

14 Indoda yathi ngenye imini, yathi, "Umshumayeli weza, wayengumalusi ebandleni iminyaka emashumi mabini. Kwaye wayesoloko eshumayela nje ngqo imizuzu engamashumi amathathu Cawa nganye ekuseni ebandleni lakhe." Kwaye wathi, "Ngalentsasa yaleCawa, washumayela iiyure ezintathu."

15 Kwaye ke intlanganiso yamadikoni yambiza, yaze yathi, "Malusi, siyakuncoma ngenene." Bathi, "Sisoloko sisazi ukuba—ukuba umele iBhayibhile namalungelo Ayo." Kwaye bathi ngoko, "Kwaye usoloko usilungisa ukuze sizive sinyulu kwaye sicocekile phambi koThixo. Kwaye siyakuncoma nyhani, kwaye siyakholwa ukuba usisicaka sikaThixo. Kwaye ngokuqinisekileyo siyawuncoma lamyalezo walentsasa. Kodwa," bathi, "kukho nje nto inye esifuna ukukubuza ngayo." Bathi, "Sikubalele ixesha, njengentlangano yamadikoni." Bathi, "Zonke iintsasa zangeCawa ubayimizuzu engashumi amathathu ngqo, kwaye namhlanje ubeziyure ezintathu." Bathi, "Ngoku, khumbula, sincoma onke amasuntswana ayo. Ibilungile." Bemenza umfo omdala azive kamnandi, uyazi.

16 Wathi, "Ngoko ke, bazalwana, ndizakunixelela ukuba injani." Wathi, "Ngayo yonke intsasa xa ndisiya e . . . Ndibizelwa eqongeni," wathi, "Ndibeka enye yezo Zikhuseli Bomi zincinci emlonyeni wam," wathi, "kwaye ndimunca nje yona." Waze wathi, "Xa iSikhuseli Bomi siphelile," wathi, "ithabatha nje imizuzu engamashumi amathathu," waze wathi, "ndize ndiyeke ukushumayela." Wathi, "Niyazi, kusasanje, ndicinge ukuba ndingaphaya kwexesha kancinci. Ndiyitsicile, ndaneqhosha emlonyeni wam." [Ibandla liyahleka—Mhl.]

17 Andizukufakanto ngaphakathi, ngoko masithembe asizukuba namaqhosha ezigxotyeni zethu. Kodwa si... Ndiyathemba ukuba ayivakalanga njengenyelisayo apha. Kodwa nje ndi... Uyazi, naye uThixo unendlela yokuhlekisa, uyazi.

18 Ngoko siyabulela kakhulu ngokubalapha nokuba sibe nelixesha lobudlelwana, kwaye—kwaye nalenyhweba yokuqhekeza iSonka soBomi kwakhona, ngokwendlela yam elula encinci. Ndiyazi, njengaba kwezakwalizwi, njengalandoda ethethe apha phezolo isuka-eNgilane; bethu, ndikuthiyile ukuma emva komntu ngolwahlobo, nemfundo yam yenqanaba lesixhenxe. Kodwa ndiyathemba ukuba uThixo uyakunitolikela intsingiselo esentliziyweni yam. Yabona? Ukuba amazwi am akalunganga; iinjongo zam, ndi—ndiyathemba, zinjalo.

19 Ngoku masifunde esiBhalweni. Abaninzi benu bayathanda ukulandela. Kwaye ndizakufunda kusasanje, nje okwemizuzu embalwa, kwi Ncwadi kaYeremiya, umprofethi, isahluko 2, kwaye ndizakuqalisa ngoku kumqolo woku 1.

Kwafika ke ilizwi likaYEHOVA kum, lisithi,

Yiya, umemeze ezindlebeni zeYerusalem, uthi, Utsho uYEHOVA; ukuthi, Ndikukhumbulele, inceba yobutsha bakho, kunye nothando lobutshakazi bakho, ukundilandela kwakho entlango, kwaye ezweni elingahlwayelwayo.

Ubengcwele uSirayeli kuYEHOVA, kunye netlahlela yakhe yongeniselo: bonke abamdlayo bo...kwaye bozeka ityala; bofikelwa bububi, utsho uYEHOVA.

Liveni ilizwi likaYEHOVA, ndlu kaYakobi, nonke mizalwane yendlu kaSirayeli:

Utsho uYEHOVA, Bafumana bubi buni na kum ooyihlo, le nto bathe bakhwelela kude kum, balandela izinto ezingento, baba yinto engeyanto?

Abatsho ukuthi, Uphi na u YEHOVA owasinyusayo wasikhupha ezweni laseYiputa, kwaye owasihambisa entlango, ezweni eliyinkqantosi kunye nezihogo, ezweni elingumqwebedu, elethunzi lokufa, ezweni elingacandi mntu, kwaye...elingahlali mntu?

Ndaningenisa ezweni elimasimi achumayo, ukuba nidle iziqhamo zalo, nezinto ezilungileyo zalo; ukanti nakungena, nalenza inqambi, ilizwe lam, ilifa lam nalenza langamasikizi.

Kwaye ababingeleli abatshongo ukuthi, Uphi na uYEHOVA? Abaphathi bomyalelo abandazanga: kwaye nabalusi bakreqa kum, kwaye nabaprofethi baprofetha ngoBhahali, balandela abangancedi nto.

Ngako oko ndisaya . . . kubambana nani, utsho uYEHOVA, ndibambane noonyana boonyana benu.

Kuba . . . ngapha kwalomhlaba wamaKiti, kwaye nibone; kwaye nakwaKedare, kwaye nigqale kunene oko, nize nikhangele ukuba zikhe zakho na izinto ezinjalo.

Lakhe uhlanga lwananisa na ngoothixo balo, benge . . . thixo ke bona? ke bona abantu bam banane ngozuko lwabo into engancediyo.

Mangaliswani, mazulu, yile nto, nibe namanwele, . . . niqothole kunene, utsho uYEHOVA.

Ngokuba benze ububi obubini abantu bam; bandishiyile mna thende lamanzi aphilileyo, baze bazimbela amaqula, amaqula aqhekekileyo, angagcini manzi.

20 Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo Zayo ekufundweni kwaMazwi Ayo. Kwaye ndingathanda uku—ukuthabatha umxholo wayo, njengo, *Amaqula Aqhekekileyo*.

21 Xa, sifunda esiSibhalo ngalentsasa; esi, sonke iSibhalo siphefumlelwe. Kwaye siza eNdlini yeNkosi ukuza kulungiswa nokuza kuqonda. Kwaye ngamanye amaxesha sibona i . . . nantoni na encinci endleleni.

22 Njenga le ndoda yasemkhosini, ngethuba lithile ligqithileyo, yayithetha nathi kwaye isithi ezinye izinto ezithile, ezinokuthi mhlawumbi kwelinye ilizwe elinotolo mlilo oluthile, okanye—okanye into ekolo luvo, kwaye kufuneka sifumane into ethile ukuphikisana nayo ku—kumgaqo womkhosi.

23 Kulungile, into enye iza ebandleni, kwisekethe apho indoda ishumayela khona, okanye ukuba ungumvangeli entsimini. Xa ebona uvukelo, nento nje eqalayo, iqhubeka, ubutsana bayo okanye nantoni na eyiyo; yilondoda, ukuba sisicaka sikaThixo, ukuthintela lo nto kude ezingqondweni zabantu ukuze bazingcine kude kuyo. Kwaye asifuni oko kwenzeke, ukuba thina sigaxeleke kwindawo ezinjalo.

24 Ngoku, ngexesha likaYeremiya apha, isiprofetho sakhe, kwakumalunga namashumi amathandathu eminyaka ukusuka ekufeni kuka—kuka Isaya—Isaya. Kwaye babemalunga namashumi amathandathu eminyaka ngaphandle komprofeti omkhulu. Kwakukho uHabakkuk nabanye babaprofeti abancinci, kodwa u-Isaya waye ngowokugqibela umprofeti omkhulu. Kwaye abantu babe, ngeli xesha, babengenamntu wokubakhupha. Babemkile. Kanti, babengabantu bakaThixo, bakhukuliseleka kule meko ngoku lena—lena sibafumana bekuyo ngoku, njengokuba uYeremiya waza kuprofetha kubo. Kwaye uYeremiya naye waye . . . Waprofetha phambi kokuthinjwa, kwaye waya ekuthinjweni kunye nabo.

25 Kwaze ke, ngokunjalo, uDaniyeli uza emva koYeremiya. Kwaye uDaniyeli wathi unokuqonda, ngokweSibhalo, seminyaka engamashumi asixhenxe ababeza kubalapho.

26 Ngokuqinisekileyo, kwakukho nomnye umprofeti phakathi kwabo, owafuna ukwenza ledyokhwe, njengoko wayibekayo entanyeni yakhe, ukuba iyakuba yinto encinci, ukuba, "Kwiminyaka emibini, kulungile, uThixo wayezakuba buyisa bonke," kodwa uYeremiya wazi ngokohlukileyo kunoko. Kwaye siyazi okwenzekayo kumprofeti owayeprofethe okungalunganga, wafa ngalo mnyaka mnye. Ngoko uThixo akunakumyeka ukuba ame.

27 Kwaye ngoku siyaqaphela kwakhona iimeko zabantu ngalomhla. Ngoku andinqweni ukuba nindive ngandlela yimbi (a—andi jonganga) koko ndijonge ukukutsho apha, iZibhalo ezithile kunye nokubhaliweyo okuncinci.

28 Kwakuqhele ukuba kungeyomfuneko ukuba ndi—ndibhale iZibhalo zam nezinto phantsi. Kodwa emva kokugqitha amashumi amabini anesihlanu okwesibini, kulungile, a—andikhumbuli njengokuba ndandinakho, ngoko ndibhala phantsi iSibhalo nohlobo lokuba ndazi, kuyo, apho ndiya khona. Kwaye ixesha elininzi ndithandazela abagulayo, nokunye, kwaye ndiphume kwaye ndimke, andinaxesha lokufundisisa njengokuba kufanele kubenjalo.

29 Ngoku, kodwa lomprofeti mkhulu walomhla, yayinguYeremiya, kwaye wayeyinto ngoluhlu luka Amos nabanye abaprofeti abaninzi abavukayo. Wachukumiseka xa wabonayo iimeko zesizwe. Ngoku kwakukho iindawo . . .

30 Ngelinye ixesha xa uthetha ngesizwe, singacinga ukuba kubhekiselelwa kwi—kwiqela elithile. Asiyiyo lo nto. Kuku bandakanyeka kwesizwe sonke. Kwaye siyafumana, namhlanje, e—eyelelanisekayo kakhulu imeko namhlanje njengokuba yayinjalo ngemihla kaYeremiya, ukuba isizwe ngokwaso, sonke, simke, ngaphezulu okanye ngaphantsi, kwizithixo; into enjalo, ndingatsho, simke kuThixo. Kwaye ngokwenza lo nto, kukuba buthathaka kwepulpit. Ngokuba, xa ipulpit ibinokuhlala ithe tye, kunye neLizwi likaThixo, uThixo ubeya kuba kulo lonke ibandla njengokuba Ehambahamba phakathi kwethu apha. Kodwa bemka kulo nto. Kwaye yilo nto e—endifuna ukuthetha ngayo ngale ntsasa. Kwaye siyafumanisa ukuba oko luqobo lwenyaniso kuzo zonke izigaba.

31 Ndiyakholwa yayingu Amos, njengoko ndikhe ndabhekisa kuye kwixesha elidlulileyo, ukuba wathi waye "ngengomprofeti, engengonyana wamprofeti." Kodwa wathi, oko, "Xa ingonyama igquma, ngubani na ongenakoyika?"

32 Kwaye ukuba nabanina wakhe wayiva ingonyama yenene igquma entlango, ezi nizivayo eluvalelweni apha jikelele

ziyatswina nje. Kodwa xa yona igquma entlango, yonke into iyahlonipha. Ndalalisa ehlathini, ndizingela zona. Kwaye ingukumkani wezilwanyana, kwaye, xa lo ngonyama igquma, nooqongqothwane aba bayeka ukungxola, yonke into yenza njalo. Oo—oodyakalashe kunye ne—kunye neengcuka zikhala, nezinye izilwanyana, nokukhala kweemfene neenkawu, ooqongqothwane, kunganzima nokuziva wena ucinga; kodwa mgama yeka ingonyama igqume, kwaye uqongqothwane uyakuyeka ingxolo. Yabona, yonke into iyayoyika. Nangona, zininzi izinto ezinokuyibulala, kodwa yaziwa njengokumkani kwizilwanyana.

33 Wathi, "Xa ingonyama igquma, ngubani onokungoyiki?" Wathi, "Ngoko uThixo uthethile, ngubani ongenakungaprofethi?"

34 Kwaye yiyo, ndiyacinga, imeko imelana nalo mcelimngeni kwakhona namhlanje. UThixo uthethile. Yabona? Kwaye sibona umbhalo wesandla eludongeni, ngoko kulula kakhulu ukuprofetha kwaye sibone ukuba sisesiphelweni sexesha.

35 Kwaye sibona uThixo, kwisebe ngalinye lamahlelo, yonke indlela ukusuka kubuKatolika, ukuya kwicawa zobuprotestanti, ubuBhuda nako konke, ukusuka e-Indiya, kwakunye nako konke. Ubiza abantu Bakhe bonke, ebaqokelelela ndaweninye. Kwaye ndi—ndiyavuya kakhulu ngalo nto, ukubona lomhla usiza. Ngoku si . . . Yi—yimini enkulu, enye yezinkulu iinyhweba.

36 Oko, ukuba bendinako, ukuba bendinokukwazi ngaphambili kokuba kubekho ihlabathi, xa sasiyimiphefumlo inxalenye kaThixo, ukuba sithi, ngoba sasiNaye phambi kokusekwa kwehlabathi. Ngokuba, inye kuphela indlela yoBomi obunguNaphakade, kwaye nguThixo. Kwaye siyinxalenye Yakhe. Sasingekho ngako ukuba singazi kwaye—kwaye sinokucinga, size sibenento; kodwa sasisezingcingeni Zakhe zoku sikuko, phambi kokusekwa kwehlabathi. Ngokuba, siyi nxalenye Yakhe, njengo nyana wam oyinxalenye yam, kwaye ndiyi nxalenye katata, ngokunjalo. Singoonyana neentombi zikaThixo, ngokolwazi Lwakhe lwangaphambili.

37 Kwaye emva phaya, ukuba bendinokwazi njengokuba ndaziyo ngoku, kwaye ndinokujonga kwixesha lonke, kwaye Wayenokuthi kum, "Leliphi ixesha ofuna ukuliphila?" Ndandinokuthi leli xesha ngoku kanye, nje urhatya lesi—lesiphelo sembali yehlabathi, nokuza kobuKumkani bukaThixo buzokumiswa emhlabeni. Ndicinga ukuba lelona xesha lakhe lanobuqaqawuli kuzo zonke izigaba, lingoku.

38 Siyafumana apha ukuba uSirayeli utyholwa ngumprofeti, xa uThixo wammisela waza wamthuma. Babetyholwa ngezono ezimbini ezikhulu. Kwaye sifuna ukuthetha ngezonto

zimbini babezenzile. Kwaye, koko, sifuna ukuhluma ngako. Ngoku, bajikile kuThixo, Ithende lamanzi aphilileyo, kwaye bazombela amaqula. Bajikile kwinto uThixo abanike yona, baza bazakhela into ethile abazenzele yona. Kwaye lamaqula, uyaqaphela, ebenawo, ayeqhekekile kwaye evuza.

39 Ngoku, iqula eliqhekekileyo alinakuwagcina amanzi. Liyakuvuza. Ndandikhuliselwe efama, kwaye ndiyalazi iqula elidala linjani, kwanobunzima esasinabo ngalo.

40 Kwaye eliqula liqhekekileyo li—lingumfanekiso omhle kakhulu, ndiyacinga, ngalomhla, xa (okwethu) yonke into esizame ukuyenza, ukuhlanganisa umntu, ukuhlanganisa abantu, ukuhlanganisa iicawa, isoloko ikumjelo wobukrelekrele bokuzama. Sizamile ukwenza onke amaWisile abe ngamaBhaptizi, nangenye indlela, namahlelo ahlukileyo. Kwaye yayingeyonkqubo kaThixo, okokuqala.

41 UThixo unendawo enye kuphela yokuhlangana. Watsho phaya kwiNcwadi ye-Eksodus, ukuba, "Ndinyule indawo yokubeka iGama Lam, kwaye kuphela kwendawo Endiyakuhlangana kuyo nabantu." Kwaye Wanyule indawo yokubeka iGama Lakhe. Kwaye apho Abeke iGama Lakhe, kulapho Wadibana khona noSirayeli. Unendawo Adibana khona nebandla Lakhe namhlanje, kwaye Wanyula elo Gama, kwaye elo Gama nguYesu Kristu. Kwaye kulapho Adibana khona nekholwa lenene, xa likuYesu Kristu. Kulapho uThixo wonyula ukulibeka khona iGama Lakhe.

Uthi, "Igama likaThixo?"

42 Wathi, "Ndize eGameni likaBawo." Ngoko kulapho uThixo alibeke khona iGama Lakhe, kukuKristu. Kwaye kuKristu kulapho sinokuhlangana khona sonke phantsi kokuphalala kweGazi, kwaye apho sinobenene, obunyanisekileyo ubudlelwana.

43 UThixo wenza inkqubo Yakhe ekuqaleni, emyezweni wase-Eden, apho indawo Wayeyakudibana nomntu, kwakungekho phezu kobukrelekrele bokuqonda; ukuba kwakunjalo, u-Eva wayesemgceni ngqo nenkqubo Yakhe. Kodwa siyazi ukuba ukwamkela kwakhe ubukrelekrele bukaSathana boqulunqo, "Ngokuqinisekileyo, uThixo akasokuze," kodwa uThixo wathi Uyakuyenza! Kwaye ngoko Wonyula indawo yentlangulo, kwaye yayingeGazi, ingeyoyaqulunqo lobukrelekrele.

44 Ngoko sibetha nje umoya, kodwa yindalo nje yomntu ukuba—ukuba abantu bokuzama uku—ukwenza oko. Ukuba besinexesha, besiyakuyiqhekeza ibe ngamaqhekezana, kodwa andifuni ela qhosha. Ngoko ke siyakuzama nje ukuyenza ibelula ngangoko sinakho, "amaqula avuzayo." Kwaye siyafumanisa ukuba i—iyenzeka ngokugqibeleleyo kwakhona, ingumfanekiso wenene wesigaba sethu esiphila kuso, kwako konke okwemizamo yethu.

45 Kwaye kungekho kusingelwa phantsi kwayo yonke imizamo yaso nasiphi na isicaka sikaThixo, kwaye nakumagama iGama likaYesu Kristu. Ufanele ahlonitshwe nasekukhankanyeni iGama Lakhe ngembeko nentlonipho. Kwaye inkqubo enkulu yobuvangeli enqumle umhlaba, nokunjalo, kwezintsuku zokugqibela, ndicinga, kodwa asinakukwazi ukubenza abantu babentliziyonye de sibafumane phantsi kweGazi likaYesu Kristu. Kuphela kwendawo esinokukhuseleka kuyo.

46 Omnye wandibiza kungekudala kakhulu, phezulu eMpuma, waza wathi, "Mzalwane uBranham, ndivile ukuba umkile waya e—e Arizona, kwaye wenze i—indawo apho kukho ukhuseleko." Kwaye njengokuba usazi ukuba uMyalezo uza njani, kwaye iNkosi yandixelela okuya kwenzeka e-Alaska, kwaye iyakubanjani ezantsi eCalifornia, kwaye ibengalondlela. Bathi, "Ngoku ukuba kukushukuma oko, kwaye yonke into, iphi indawo yokhuselo?"

47 Ndathi, "Inye kuphela indawo yokhuseleko endiyaziyo. KukuKristu. Kuba abo bakuKristu, baya . . ." Kuphela kwendiyaziyo.

48 Ngoku uYeremiya wayebiziwe, kananjalo, "umprofeti olilayo." Kwaye kuba, ndiyakholwa, kwamenza lomprofeti walila—walila, kunokuba, ngokuba yena engumprofeti (kwaye iLizwi leNkosi liza kwabo) kwaye sibona abantu behamba emva kwezithethe zabo, kwaye becinga ukuba babelungile, kwaye kungekho ndlela konke yakubajika.

49 Ngoba, babesiya ngqo ekuthinjweni, ngokuba siyazi uvuna okulimileyo, akukhathaliseki nokuba ungubani, uyintoni na. Kwaye thina njengesisizwe sivunile . . . okanye silimile, maxa wambi, kwaye kufanele sivune. Ndiyakuthetha ngomso, iNkosi ivuma, emva kwemini, ngee*Ntlungu Zokuzala;* kwaye ndi—kwaye ndikuchukumisile oko phaya, ukuba asinakungafumani nto. Kufanele sivune esikulimileyo.

50 Kwaye xa uThixo anokusiyeka sidlule nje kunye nogqwetheko lwethu lobuKristu namhlanje, kwaye sigqwethe abantu kwezi zinto ezi ngosinga buKristu, njengoko wakhe wakubiza uMzalwana uMoore, "Uyakunyanzaleka ngokusebulungiseni ukuba avuse iSodom neGomora, kwaye axolise ngokuyitshisa." Kunjalo, ngokuba uThixo uselilungisa. Kwaye apho ukungalungisi kufikeleleyo; ku—kuza kubungcwele Bakhe neLizwi Lakhe ukuba Abenze abantu bavune oko bakulimileyo, kwaye siyakufanela ukuba sikwenze oko.

51 Ngoku qaphela babemshiyile Yena, iThende lamanzi aphilileyo, kwaye bazenzela amaqula.

52 Ngoku kungabakho mntu uthile apha ongenakulazi ukuba yintoni na iqula. Iqula litanki azenzele lona umntu

elizama ukuthatha indawo yomthombo. Yinto umntu othile ayombileyo. Kwaye bangaphi abalaziyo yintoni iqula? Kwakuhle. Kulungile, baninzi abantu basemaphandleni apha ngalentsasa. Ngoko ba . . . Ndikhumbula iqula elidala endaweni, indlela elalikhangeleka ngayo, kwaye ndandisoloko ndisoyika kanjani ukusela kule nto. Yayili—i tanki azenzele lona omntu. Kwaye lalingasokuze lithembeke. Akunakuthembela kwiqula.

53 Ngoku yonke into umntu ayenzayo ivamile ukungalungi ncam. Kodwa njenge—iNkosi yenze ixesha kwi—kwi—kwisangqa salo, nomhlaba ujikeleza; qho ngonyaka, ngalo lonke ixesha unqumla, yonke imihla, zonke iyure, kwaye ilanga litshone, kwaye zange lisilele. Kodwa ezona zingcono iwoshi esinokuzifumana, ziyakusilela imizuzu emininzi ngenyanga, akuthandabuzeki. Kodwa, uyabona, yonke into uThixo ayenzayo igqibelele, kwaye into umntu ayenzayo ayigqibelelanga. Ngoko kutheni wamkela akwenzayo umntu, xa unokuba nokugqibeleleyo?

54 Ndandisoloko ndisitsho malunga nathi bantu bakwaMoya. Yabona, siyazi, kwaye asikho—asikho ngaphandle kocwangco noko, likaThixo, asikholwa; kodwa siyazi ukuba phakathi kwethu sinabantu abazama ukulinganisa omnye umfo. Kungumntu nje oko. Bayakuzama ukukwenza oko. Bakwenza eBhayibhileni, "Omnye, 'Ndingoka Pawulosi,' 'Ndingoka Silasi,'" nokunjalo. Kodwa, ba, bazama ukulinganisa oko omnye wakwenza okanye akwenzayo.

55 Kodwa kutheni uyakwamkela ubuxoki obulinganisayo, xa izibhaka-bhaka zizele yinto yemvelo, xa "idinga likuni nakubantwana benu"? Kutheni siyakwamkela into eyeyahlukile? Kutheni siyakuthatha umgaqo okanye imimiselo, xa iBhayibhile ilelingakrexezwanga iLizwi likaThixo? Kutheni siyakuzama ukongezelela kuyo okanye sinciphise kuyo, xa iNkosi uYesu kwiSityhilelo 22:18, "Lowo uyakususa iLizwi elinye kuYo, okanye ongeze izwi elinye kuYo, isabelo sakhe siyakususwa kwiNcwadi yoBomi"?

56 Xa uThixo waqalayo ukubeka uhlanga loluntu emhlabeni, Wabaxelela bahlale ngeZwi Lakhe. Ngoku iLizwi likaThixo linje ngetyathanga, ugqithela uqumle esihogweni naLo; kwaye ityathanga lalo lomelele ebuthakathakeni bokudibana kwalo, kwaye uThixo ufuna sigcine lonke iLizwi la Lo. Ngoko yayikokokuqala kweBhayibhile; nje ukophula iLizwi elinye, kwatshonisa uhlanga loluntu kubumnyama bokufa.

57 UYesu weza embindini weBhayibhile, waze Wathi, "Umntu akaphili ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi." Hayi ngexalenye yaMazwi, okanye amashumi asithoba anesithoba kwikhulu; kodwa lonke iLizwi, nje ngo Eva no Adam babenjalo.

58 Kwaye ekugqibeleni kweBhayibhile, iSityhilelo 22:18, Watsho ukuba, “Nabani na oyakuthi asuse iLizwi kuLo, okanye ongeze libe linye iLizwi kuLo!”

59 Ngoko kutheni le nto sifuna ukufaka Apha uluvo lomnye umntu lwezinto, xa kungokoLuvo LukaThixo? Sifuna ukuthabatha oko Akutshiloyo. Kwaye kubhaliwe futhi, “Lonke ilizwi lomntu malibe bubumaxoki, Elam libe yiNyaniso.”

60 Yayiyilonto eyayiyingxaki nalomprofeti. Ngeentsuku zikaYeremiya, wayengumprofeti, wayeneLizwi le Nkosi. Lo mfo wayezama ukufaka into kuLo, ngoku akunakuthenjelwa kuyo. Kwaye ndiwafanekisa lamatanki ngoku nezinkqubo esizame ukuzithatha, kwaye zithathe indawo yeLizwi likaThixo loqobo.

61 Ngoba, akukho nto inokuthatha indawo Yalo. NguThixo. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi waba yinyama wahlala phakathi kwethu.” KumaHebhere 13:8, ithi, “Nguye izolo, namhla, naphakade.” Singazikhuhla kude njani ku loNto? Kufanele ukuba ibe yiNyaniso. Uhlala eyinto enye. Uyinto enye kuwo wonke ummiselo.

62 Sesosizathu ulonwabela Lona, nina maBhaptizi namaWisile, namaKatolika namaRhabe, ngokunjalo, nibonwabele oba Bukho. Ndaweni ithile, kuni, nimamkele uThixo. Mhlawumbi ngaxesha lithile ngendlela yobukrelekrele, mhlawumbi nive Amandla kaThixo, kwaye nizizicaka zikaThixo; kodwa xa unokuza ngokwenene kuThixo, kwaye wazi indawo yakho kuYe, njengo nyana okanye intombi kaThixo, yilo nto ezisa lo mincili mikhulu kuwe, leyo uThixo afuna ubenayo.

63 Ngoku siyaqaphela kuMarko Ongcwele, isahluko se16, uYesu zange athi, “Hambani niye kulo lonke ilizwe, ni—ni—ni fundise.” Wathi, “Hambani nishumayele iNdaba eZilungileyo.” Shumayelani iNdaba eZilungileyo, ku, kubonakaliswa kwaMandla kaMoya oyiNgcwele! “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nibonakalise aMandla kaMoya oyiNgcwele.”

64 Ndithetha nomzalwana, omnye wabaxhasi kwi... ntlanganiso yam e-Indiya, eBombay apho, kuhle kuye eMzantsi Afrika nezinye iindawo ezahlukileyo, apho iimissionaries ziLifundisileyo njenge lizwi okanye uqulunqo lobukrelekrele. Kodwa ngenye imini entlanganisweni, xa wehlayo uMoya oyiNgcwele, Ngokwakhe, wasindisa amawaka angamashumi amathathu labanini belolizwe abombatha iingubo kwisiguqo esinye, kwaye kanye kulomhlaba babemi kuwo. Abafazi beme apho, ababeze phantse babengendlela abeza ngayo ehlabathini, kwaye ngalomzuzu baphakamisa izandla zabo ukuba bamkela uKristu...

65 Kwaye uMoya oyiNgcwele wawa phezu kwalondawo waphilisa amashumi amabini anesihlanu lamawaka abantu ngaxeshanye, basuka kwizitulo zamavili, kumanqwanqwa neentonga zokuhamba. USodolophu wesixeko wabanam, ngosuku olulandelayo, ejonge ezonqwelo zemithwalo zisihla ngesitalato.

66 Abo bafazi beme apho, beze, bengazi ukuba baze. Kodwa kwamsinya xa uMoya oyiNgcwele wababethayo, bazisonga iingalo zabo bemka ebusweni bamadoda abo.

67 Kwaye ndiyamangaliswa ukuba singathini thina eMelika ukuzibiza ukuba sisisizwe sobuKristu, kwaye eBukhweni bukaThixo; kwaye qho ngonyaka si, abafazi bethu, bakhulula ngokungaphezulu. Kwaye ubufanele ukuba unxiba ngokungaphezulu. Kwaye ngokungaphezulu okunguKristu omnxibayo, kokungaphezulu ukubasezigqondweni kokwazi iimeko zakho. Ngamanye amaxesha ndibona indlela abantu abenza ngayo esitalatweni, ndiyamangaliswa ukuba kokusezigqondweni na. Kubonakala ngathi abaqondi ukuba xa besenza lo nto, le nto bayenzayo, bazenza izibambiso zikamtyholi, kwaye bathumela imiphefumlo esihogweni. Kunjalo. Kodwa ihlabathi likwimpalalo njengoko kwakunjalo ngemihla kaYeremiya.

68 Ngoku emva equleni, ngoku, eliqula akunakuthenjelwa kulo ngokuba alinakuzizalisa. Kwaye kufuneka lixhomekeke kwimvula zalapho ukulizalisa, imvula zalapho okanye iimvuselelo, ukuba nemvuselelo encinci nga*phaya* nemvuselelo encinci na *phaya*, okanye nokunjalo, ukuze ligcwale. Ngoko akunakuxhonyekekwa kulo. Alinakuzizalisa. Alanelanga, kulo. Alinakuyenza. Kwaye kufuneka lixhomekeke emvuleni, ukulizalisa.

69 Ngoko masiqaphele apho li—lifumana imvula, apho lifumana amanzi, iqula. Isuka phezu kwehoko, iishedi, apho konke ukungcola uthuli luvuthulukela khona phezulu phaya, kuhlambeleka emvuleni, kwaye kuhle kuye equleni, itanki elenziwe ngumntu. Iba phantse njengomgxobhozo. Kwaye ihlamba umphezulu wehoko apho zonke izilwanyana, ukunuka ehokweni, nokunjalo, kuhlalayo. Kwaye umoya uvuthululela u—uthuli nokunye ehokweni, imvula yalapho ize ihlambe, imvula, isuse nya.

70 Kwaye ngoko amanzi ahanjiswa ngomkhombe owenziwe ngumntu ukuya kumbhobho owenziwe ngumntu, ayokufika kwitanki elenziwe ngumntu. Kwaye xa ifika apho, imdaka, imdaka kakhulu de kufuneke ubeke isihluzo kulo, okanye akunawasela. Ngoku, yabona, ihlamba ephahleni, ngomjelo owenziwe ngumntu, ngombhombho owenziwe ngumntu, ukuya kwitanki elenziwe ngumntu. Uze ke kubekwe isihluzi esenziwe ngumntu phezu kwalo, ukujonga ukuba ezinye iintsholongwana nezinto zigcinwa ngaphandle.

71 Ngoku, ngoku siyaqaphela, kwezi ntsuku zimbalwa emva kokuba amanzi ehleli phaya, kwelihlel lenziwe ngumntu, okanye itanki. Ndixolele. Ndixolele. Kulungile. Emva ko—emva kokuba ihlanjiwe, kuzo zonke iindindi zezakwalizwi nezinto zihlanjelwe kulo; ngoku size sifumane, xa ihlala apho iintsuku ezimbalwa, iba yemileyo.

72 Kwaye wonke ubani uyazi, kwimbali yebandla, xa uThixo ethumela into, umyalezo, kwaye iba yentsha kuThixo. Kuze emva ko—kobomi balomseki, okanye nantoni enokubayiyo; umbiza ngokuba ngumhlaziyi, okanye nantoni othanda ukuyitsho ngayo. Emva kokufa kwakhe, baze bafumane inkqubo eyenziweyo baze benze umbutho. Kwaye kamsinya xa benza umbutho kulo nto, ifela kanye kulondawo. Ayiphindi ivuke kwakhona. Kwenzeka njalo lonke ixesha, emva, iwela emva.

73 Ukunika imbeko kulombingeleli womKatolika ohleli apha; xa uThixo wahlanganisa ibandla . . . okanye, hayi ukulihlanganisa, uThixo zange ahlanganise ibandla. Akakho kulondlela yomsebenzi. Useluzalweni, hayi umbutho, ngoko xa uThixo waqala ibandla ngoMhla wePentekoste. Kwaye kuze ekugqibeleni ezantsi eNicean, Roma, balihlanganisa, kwaye kulapho laphulukana naMandla alo.

74 Emva koko size ezantsi kuhlaziyo lobuLutere, kwaye yayi yinto enkulu. ILizwi likaThixo lalinikiwe, "Ilungisa liyakuphila ngokholo." Kwaye xa bakwenzayo, endaweni yokuchola, konke kudibene, bebonke bedibene baze bahambe, benza icawa yobuLutere, bazahlula kweliqela, yaza ngoko yafa.

75 Waza uThixo wavusa uJohn Wesley, kunye nongcwaliso, umyalezo womsebenzi wesibini wenceba, kwaye yayi yinto emangalisayo. Kodwa emva ko Wesley no Asbury, bayihlanganisa, yaza yafa.

76 Kwaze kwathi gqi abakwaMoya nobuyiselo lwezipho. Babesenza kakuhle, kwenzeka ntoni? Bayihlanganisa kwaye yafa. Ngenene.

77 Ngoku embindini wale nto yonke, uThixo usabizela intsalela ngaphandle kwazo zonke ezozizukulwana. Uqinisekile. Kwaye lixesha lethu lokuphuma, lokuhlangana sonke. Kwaye yilonto ndiyicingayo, iFull Gospel Business Men idlale indawo enkulu ukuqhekeza ezindonga, kwaye besithi, "Akukho mahluko kuthi. Masidibaneni sikhonze uThixo phantsi kommiselo omnye, hayi phantsi kombutho." Ukuba ibingumbutho, bendiyakuhla kweliqonga ngoku. Andinanto yakwenza nawo.

78 Uyintoni, kufanele ibe bubudlelwana, hayi ubudlelwana bomgaqo othile. Kodwa ubudlelwana kuKristu, ngamandla ovuko Lwakhe, yilonto ezisa uBomi. Izisa uzalo.

79 Kwaye phambi kokuba uzalo luze, siyaqonda ukuba kufanele ukuba kubekho ukufa phambi kozalo. Kwaye uzalo yimbutyulelo, andikhathali nokuba luzalo olunjanina. Ukuba lusehokweni yehagu, okanye—okanye naphina lukhoyo, yimbutyulelo. Kwaye lunjalo noZalo olutsha, lukwenza wenze izinto obungenakucinga ukuzenza ngokwasesiqhelweni. Kodwa xa ukulungele ukufa kuwe, ngoko uzalwa ngokutsha, isidalwa esitsha kuKristu Yesu, zize izinto, zivuleke buze ubomi bube ngumbono omtsha kuwe, ngokuba wamkele uMntu ka Yesu Kristu, kwaye hayi okwaziwa ngenqondo okanye umgaqo.

80 Okanye, nakwiLizwi elibhaliweyo, kufuneka Livuselelwe ngoMoya oyiNgcwele. Akukhathaliseki nokuba unokungakanani okwakwa lizwi, ilele apho ifile. Ndingaba nesandla esizeleyo sengqolowa; de ibe ingene kwimo apho inokuvuselelwa, ingqolowa ayinakuphila. Kwaye ungabanesidanga sikagqirha, Ph., LL., nantoni na oyinqwenelayo kuyo; kodwa de uMoya oyiNgcwele uze kulo nto uze uyivuselele kuwe, njengamava angawakho noThixo, ingqolowa ayenzi nto ilungileyo. Ukufunda kwakho kulilize.

81 Njengale ndoda yeNgesi yatshoyo ngobunye ubusuku apha, ndandimangalisiwe kulonto. Konke ukufunda awayenako, njengo Pawulosi, kwafuneka akulibale konke awayekwazi, ukuze afumane uKristu, enze izinto awayecinga ukuba akanakuzenza.

82 Kodwa yilondlela uThixo enza ngayo, Uyasihlaza kwinkqubo yethu yemfundo. Hayi ukuba ndizama ukukhuthaza ubuqaba, kodwa ndizama ukukuxelela umahluko. Imfundo ayisokuze izise uBomi. Kuthatha uMoya kaThixo ukuzisa uBomi, kwaye obo Bomi mabungezi nje ngemvuselelo yobukrelekrele. Kufanele ukuba ize ngokweBhayibhile, imvuselelo yeLizwi, kwaye eloLizwi lisekwalilo izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye xa Lisiwa namhlanje, livuselela, ufumana kwa ezoziziphumo zinye wazenzayo kwi Zenzo 2. Ngokwenene. Isoloko inako, kwaye iyakusoloko injalo, ngokuba nguMoya kaThixo elungisa imo.

83 Ithatha imo ukwenza izinto. Sesosizathu nina bantu nisoloko nifundiswa, “Zisani abantwana benu apha.” Kulungile, ngokuqinisekileyo kulungile. Ndivuyile ndakubona intombi yam, uRebheka, esiza ehlala phantsi, kwimizuzu embalwa egqithileyo. Abanye benu bandibone ndibethela imehlo kumfazi, ibiyintombi yam, ngoko uzile wahlala phantsi. Ndifuna amkele ubhaptizo lukaMoya, kwaye yilonto elapha kulentlangano. Sesosizathu salento. Kuthatha imo.

84 Njengo Gqirha omdala uBosworth wayesakuthi, “Ungathatha iqanda lesikhukukazi ulibeke phantsi kwentshontsho lenja, liyakuqandusela intshontsho lenkuku.” Kutheni? Ngokuba liqanda kwaye lifumene imo elungileyo.

85 Andikhathali nokuba ungumWisile, mBhaptizi, mRhabe; kwimo elungileyo, iyakuqandusela umntwana ozelwe ngokutsha kaThixo, banga iLizwi. Yimo eyenzayo lo nto, nokuba liphawu elinjani lehlelo onalo.

86 Ndandidla ngokolusa iinkomo. Ndandiqaphela unogada omkhulu wedlelo xa siziqhubela ehlathini, ngaphandle kwe—ngaphandle kwemihlaba yokudlela ezantsi kwindawo yokuphuhlisa imfuyo, kwaye azibeke edlelweni. Ubeyakuma phaya ajonge ngelixesha zingena esangweni, kwicingo lokuziqhuba. Akazanga anike ngqalelo kumaphawu, ngokuba kwakukho onke amaphawu ayegqitha apho. Kodwa kukho into enye awayigqalayo, iphawu legazi. Kufanele ibe yengaxutywanga iHereford okanye yayingenakuya phaya kwelahlathi, ngokuba yi Hereford Association edlisa kwelohlathi. Kufuneka ibe nephawu legazi, ukugcina ukuzalisa kulungile.

87 Kwaye ndicinga ukuba oko yindlela ekuyakuba yiyo ngoMhla woMgwebo. Akazukundibuza ukuba ndandingumWisile, mBhaptizi, wakwaMoya, okanye umRhabe, kodwa Uyakukhangela uphawu lweGazi. “Xa Ndibona iGazi Ndakugqitha kuwe.” Yiyo lo nto.

88 Ngoko siyafumana ukuba lamaqula, emva kokuba ehleli ithuba, aba . . . ayema aze angabi ngalungileyo. Aze abe ngoko, ngokunjalo, abe likhaya lamasele namacikilishi nenyoka nerhorho nezinambuzana, nezininzi, ngokuba likwimeko yokuma etyhalela oko kulo. Ungafane ucinge, ihlanjwe eluphahleni lwehoko, okanye ngaphandle kwindlu ekufutshane nehoko, okanye naphina ubumdaka buhlala khona, luhlobo lunjani olweentsholongwana nezinambuzana, nako konke, okohlanjelwa kweliqula?

89 Ngoku, kungumzekelo ogqibeleleyo walo naluphina uhlobo lwenkqubo eyenziwe ngumntu. Ungumsileli, okokuqala. Sesosizathu adinga uMsindisi. Akanakuzisindisa, akanakwenza nto ngalonto. Ulahlekile, okokuqala. Uzalelwe ehlabathini, ekoneni, uze ehlabathini ethetha ubuxoki. Ulixoki, okokuqala, ngoko kanjani ehlabathini angazenzela nantonina? Kanjani indoda engcwele?

90 Akukho ndoda ingcwele. Akukho bandla lingcwele. NguMoya oyiNgcwele! Hayi ibandla elingcwele, abantu abangcwele; nguMoya oyiNgcwele phakathi kwabantu, yilonto iyiyo. Amen. Hayi intaba engcwele apho uPetrosi nabanye bema; intaba yayingekho ngcwele. Kodwa nguThixo ongcwele, entabeni, eyayenza yangcwele. Hayi umntu ongcwele; nguMoya oyiNgcwele osebenza kulomntu, okwenza ubengcwele. Hayi umntu; kodwa uMntu kaMoya oyiNgcwele! Asiyo ndoda; ngokuba, uyi ndoda nje, “uzalelwe esonweni, wakhawulelwa ebugwenxeni, weza ehlabathini ethetha ubuxoki.”

91 Yonke inkqubo eyenziwe ngumntu iyakumgcina umntu kulo nto; uyakuyimfamekisa into kobobukrelekrele, emehlweni obukrelekrele, abacinga, "Ndingowebandla, igama lam lisencwadini. Ndenze *oku*. Utata wam waye*koku*, nokunjalo." Kuvakala kulungile konke; eyiyi, iyi, akukhonto inokutshiwo ngokuchasene nayo. Kodwa nokuba kunjalo, sihlobo, UYesu wathi, "Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha, akanakho nokububona," *uyabona*, apho, akuthethi ukuba ubona ngamehlo akhe, kodwa, "*ukuqonda* uBukumkani baMazulu." Ude ube uzelwe ngokutsha!

92 Angakwazi njani lomvangeli womBhaptizi, ingakwazi njani la ndoda ime phaya kwaye igxeka kwaye yenze intlekisa ngaYo? Yabona, akukho nto kuye enokuyamkela Yona; kodwa uThixo ufanele ayenze, yabona. UThixo wamnika uMoya oyiNgcwele. Wakubonisa ukuba olu lwalungelo hanahaniso, eli liLizwi. Uva kuphela kwisikolo soluvo, kwaye bazama ukuthatha zonke i—iintsikelelo zikaThixo baze bazibeke kwisuku eligqithileyo.

93 Umshumayeli womBhaptizi omncinci, apha kungekudala, ehleli ekhona apha ngale ntsasa; waza weza kum, waza wathi, "Mzalwana uBranham, kukho into inye oyenzayo engalunganga."

Ndathi, "Ndincede."

94 Waza wathi, "U, ndicinga ukuba unyanisekile kwaye ungumntu olungileyo, kodwa . . . "

Ndathi, "Enkosi, mhlekazi."

Wathi, "Kodwa kukho into inye oyenza ngokungalunganga."

Ndathi, "Ndiyathemba ukuba iNkosi inokufumanisa into ibenye engalunganga."

95 Waza wathi, "Kulungile, kukho i . . . Yilento oyenzayo engalunganga." Wathi, "Uzama ukuzisa ehlabathini ulungiselelo lobupostile, waze," wathi, "ulungiselelo lobupostile lwaphela kubapostile."

96 Ndathi, "NjengomBhaptizi kumBhaptizi, ndingathanda ukubuza umbuzo."

Wathi, "Intoni?"

97 Ndathi, "Uyalikholelwa iLizwi likaThixo ukuba liphefumlelwe, lonke isutswana lalo?"

Wathi, "Kutheni, ngokuqinisekileyo."

98 Ndathi, "Ngoko, Wathi, 'Ungongezi nelizwi elinye, okanye ususe Elinye.' Ngoba," ndathi ngoko, "Ndiyakubonisa ukuba yeza phi iNtsikelelo yobupostile ebantwini, ngesithembiso sikaThixo, ngoku undibonise isithembiso sikaThixo nokuba

simka nini ebantwini. Yabona, ukuba akunakubonisa oko eLizwini, ngoko—ngoko libala malunga nayo, yabona," ndathi, "ngokuba Isaqhubekeka."

99 Zange athethe nto okwemizuzu embalwa. Ndaza ndathi, "Kulungile, ngoko, mzalwana, ndingathanda ukubuza into. UPetrosi wazisa umyalezo wobupostile, ngeMini yePentekoste. Kwaye siyakwazi sonke oko kuyinyaniso, kuba wayenezitshixo zobuKumkani, ezo uYesu ubemnikile. Kwaye ngoku qaphela awakutsho. Wathi, 'Guqukani, nina ngabanye, nize nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niya kwamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, nakubo bonke iNkosi uThixo wethu eyakubabiza.' Ngoko ukuba kukho indawo apho Awayisusayo, ngoko kwenzeka ntoni kumazwi kaPetrosi ngeMini yePentekoste?" Yabona? Hayi, ayizange iphele!

Mvana ethandekayo efayo, iGazi Lakho elihle
Alinakuze liphele Amandla,
De lonke iBandla likaThixo elihlawulelwayo
Lisindiswe, lingaphindeli esonweni
kwakhona.

Ngoko kweyona ilungileyo, imnandi ingoma,
Ndakucula kuMandla Akhe ukusindisa,
Xa lentetho ingaphucukanga, nolwimi
oluthintithayo
Lulele luthule engcwabeni.

100 Thixo ndincede ndikholelwe Koko kwaye ndibambelele Kuyo, nathi sonke, kwaye sime Kuyo, ngokuba Zindaba Ezilungileyo zeNyaniso! Ewe, mhlekazi.

101 Indoda esisilumko akufanelekanga ukuba ijonge kwezi zinto. Kwaye yazi ukuba aziyi kusebenza. Zange zasebenza. Inkolo ehlanganisiweyo namava ahlanganisiweyo azisoze zisebenze eBukhweni bukaThixo. Kufanele ize, ingakrexezwanga, isuka kuThixo. Ayizange yasetyenziswa nguThixo, akukho xesha emva apho uThixo wakhe wasebenzisa lonkqubo injalo. Ngoku u, owu, ufumana amalungu nezinto ezinjalo. Kodwa ndithetha imbewu yemvelo kaThixo, iNtsikelelo njengeyawayo ngeMini yePentekoste, ayizange ize ngambutho; iza ngozalo, ngokuzalwa ngokutsha.

102 Simenyiwe ukuba sithathe uSirayeli nje ngo—ngomzekelo, ababenguwo. Qaphela, "Babemshiyile Yena, ababelinikiwe ithende, baze bazakhela amaqula." Ungafane ucinge i—i—i—into, xa umntu ekumthombo ompompozayo, esela, aze afune ukuzenzela iqula, yabona, ukusela kulo? Ngoku yile nto umprofeti wayitshoyo, yilo nto iLizwi likaThixo liyitshoyo.

Yilonto uThixo wayitshoyo kumprofeti. “Nindishiyile Mna naze—naze nemka Kum, ithende lamanzi aphilileyo; nazimbela amaqula, lawo aqhekekileyo, kwaye ayavuza.”

103 Yabona into. Bafuna into abanokuyilawula, okanye ukubonisa abakwenzileyo. Bobo—bobo budenge benkolo ehlanganisiweyo. Isoloko izama, bafanele babe nento eyiyeyabo. Bafanele ukuba babenazo zonke ezinkqubo neemanyano, nezinto, “Kwaye ndibandakanyeka *koku* ngoku.” Endaweni nje yokuba sibe ngabantwana abathobekileyo bakaThixo, bafuna into abanokuzibonakalisa bona. Endaweni yokuyeka uThixo ayenze ngendlela Yakhe, bafuna ukuyenza ngeyabo indlela. Kwaye yindlela inkqubo engene ngayo ebandleni namhlanje. Hayi. . . Nayiphi inkqubo, omnye ufuna *ngale* ndlela, omnye ufuna *ngaleya* ndlela. Ukuba ungumWisile, ufanele yiyo *ngale*ndlela. UmBhaptizi, *ngale* ndlela. UmRhabe, Katolika, nawuphina omnye, baneenkqubo zabo. Akukho nto ichasene nalonto, kodwa yona asiyiyi lonto ndithetha ngayo.

104 Umntu ufuna indlela yakhe yokuyenza, kwaye uThixo unendlela Yakhe yokuyenza. Kwaye Wathi, “Ubambelele kwindlela yakho, iqula eliqhekekileyo; kwaye anisayi kuyamkela Eyam indlela, indlela yoBomi.”

105 Kwaye ikwayi lonto inye iyiyo namhlanje. Ayizange iguquke nakancinci. Cinga obunjani ubudenge bomntu oshiya umthombo ompompozayo owangcwengileyo acocekileyo amanzi ahlwahlwazayo, kwaye ze afune ukuya kwiqula eliqhekekileyo alenzé ngokwakhe, azombele iqula, nalo nkunkuma ingaphezulu kwehoko eyihlambela kulo, ze asele kulonto. Kukho ngokuqinisekileyo into engalunganga engqondweni kulomntu.

106 Kwaye xa umntu ayakubambelela ku—kuqulunqo lwequmrhu lweSibhalo, endaweni yokwamkela uMoya oyiNgcwele ongqinela iSibhalo nosenza Sibeyinene kuwe, kukho okungalunganga ngokwasemoyeni kulo mntu. Oko kokunjalo ngenene. Ngokuqinisekileyo, uMoya oyiNgcwele! Ngamnye unotoliko lweBhayibhile yakhe, kokuphi ocinga ukuba kulungile. UThixo akafuni luncedo lwakho. UThixo akafuni toliko lwakho.

107 UThixo unguMtoliki Wakhe. UThixo wenza utoliko ngendlela A—ngendlela Athi Uyakwenza ngayo. INkosi yatsho ekuqalekeni, “makubekho ukukhanya,” kwaye kwabakho ukukhanya. Akufuni nalunye utoliko oko. Yilonto uThixo wayenzayo. Wathi “intombi iyakumitha,” yenza njalo. Oko akufuni nakunye ukutolikwa. Wathi Uyaku “thulula uMoya Wakhe phezu kwayo yonke inyama,” Wakwenza. Akufuni nakunye ukutolikwa. UThixo Ulitolika ngokwakhe iLizwi Lakhe ngokulingqinela Lona, kwaye elibonakalalisa Lona, aze aliphuhlise Lona.

108 Lolo hlobo umprofeti wayebonakala ukuba ngokaThixo. Wathi, "Ukuba kukho omnye phakathi kwenu, ongowomoya okanye umprofeti, Mna Nkosi Ndiyakuzazisa kuye ngemibono, ndithethe kuye ngamaphupha. Kwaye akutshiloyo kuyazaliseka, ze nimoyike; kodwa ukuba ayinjalo, sanukuyenza."

109 Leyo yinto enye xa uThixo ethetha iLizwi Lakhe, aze umntu athi, "ILizwi *Leli*," kwaye lenzeke ngalondlela, ngoko nguThixo oyenzayo lonto.

110 Kodwa ukuba uthi, "I*yile*ndlela, kwaye iintsuku zigqithile," kutheni ithabatha yonke . . . Wasukumela isonka esilambileyo, esisesandleni sakhe, kubantwana, asithathe kubo; kwaye balambe. Kutheni uyakufuna ukusela kwiqula xa lomthombo ompompozayo wawulapho?

111 Yintoni ithende Lobomi ngoku? Yintoni ithende Lobomi, ithende laManzi aphilileyo? Umthombo ompompozayo, siyakuwufanisa Nawo.

112 Ngoku ndifuna uqaphele umahluko phakathi kwequla nethende lamanzi aphilileyo; umthombo ompompozayo, kunye nequla elidala eliqhekekileyo phaya ligcwele ziirhorho, macikilishe, masele, ziintsholongwane, nezininzi, yabona.

113 Kwaye apha ngumthombo ompompozayo. Ngoku qaphela oku. Yinto ezixhasayo. Akudingeki ukuba ufumane iinkqubo ezinkulu uze uzise imali eninzi kuwo. Akudingeki ukuba uzibandakanye namalungu amaninzi. Iyawaxhasa amalungu ayo, uMoya woBomi kulo, usebenza.

114 Qaphela amanzi asuka kuwo, matsha, angcwengile kwaye acocekile. Hayi iqula, into emileyo ebi xhinxwe ngamashumi amane, amashumi amahlanu engqiqo ezahlukeneyo, zisithi, "*Oku* kulungile, kwaye *oko* kulungile, kwaye *olu*qulunqo," kwaye vota uze ubize, kwaye njengoko besenza, nabo baze benze ihlelo kulonto. Linyulu kwaye licocekile, alikrexezwanga iLizwi likaThixo, lisuka esandleni sikaThixo. Ngumthombo ngenene ogqojozwe ethambekeni.

115 Qaphela, imfihlo yamandla awo ingaphakathi kuwo. Umntu akanakuwafumana. Uxinzelelo oluthile, ngaphantsi kwawo, ewenza uyityhalele ngasentla.

116 Ndikhumbula xa nda, ndidla ngo, ndandingunogada karhulumente wase Indiana. Ndandidla ngokuhamba, eHarrison County, umthombo othile, iliso. Wawusoloko uhlwahlwaza. Kwaye nje, owu, yakhangeleka ngathi yayi yeyona nto yayivuya kakhulu. Nokuba ikhephu lalisemhlabeni, umkhence, wawuqinile, kwakubanda kanjani, wawusahlwahlwaza; apho amadala amachibi namatanki enziwe ngabantu, enamasele nezinye izinto, phandle phaya eqinile, omile.

117 Kwaye oko kuya kubonakalisa ukuba naliphi ihlelo, ekusileleni kancinci ngoMoya okanye inguqulelo encinci kwimo, liyakubangumkhence. Kodwa umthombo ompompozayo kaThixo, Ungu—Unguye izolo, namhla, naphakade. Kugcina yonke into ihlwahlwaza kuyo kwaye utyhalela ngaphandle kwawo. Kwaye akukho nanye apho, okokuqala. Ngomzuzu nje ingena kuwo, iyakuyityhalela ngaphandle kwindlela.

118 La nto yayihlwahlwazela phezulu ngolohlobo, ndaza ndathi, ndahlala phantsi apho ngenye imini, ndacinga, "Ndiyakholwa ndiyakuthetha nela liso, nje okwethutyana." Ndothula umqwazi wam, ndaza ndathi, "Uvuyiswa yintoni? Yintoni le ikuhlwahlwazelisayo? Mhlawumbi kungokuba amaxhama asela kuwe, kanye emva kwethuba."

Ukuba lalinokuthetha, lalinokuthi, "Hayi."

Ndathi, "Mhlawumbi kungokuba ndisela kuwe."

"Hayi, asiyiyo lonto."

119 Ndathi, "Kulungile, yintoni ekwenza ucwenge, ucoceke kangaka? Ngoko yintoni—yintoni le ikuhlwahlwazisayo, ekwenza uhlwahlwaze, uzale luvuyo lonke ixesha, kwaye kungekho nto ikwenza wome? Umpompozela phezulu emoyeni, kwaye akukho nto; amanzi acocekileyo."

120 Ukuba belinokuthetha nam, uyazi ukuba lamthombo ubunokuthini? Ubunokuthi, "Mzalwana uBranham, asindim ohlwahlwazayo. Yinto esemva kwam, endihlwahlwazelisayo." Kwaye yindlela ekuyiyo. Lilizwi elihluphekileyo, kodwa uyazi ukuba ndithetha ntoni.

121 Kwaye yindlela ekuyiyo namava ozalo olutsha. Akunakulubamba. Ngu—ngumthombo wamanzi ngaphakathi kwakho, umpompozela kuBomi obungunaphakade. Yabona, kukho into malunga nayo, ongenanto yakwenza nayo. Awenziwe ngabantu amatanki angoma, aze wona acele imvuselelo nayo yonke into; kodwa umntu ophantsi kwelo Thende, ohlala kwelo Thende, yimini nobusuku! Hayi, akudingeki ukuba ulinde imvula zasekuhlaleni kunye neemvuselelo zasekuhlaleni. Ugcwele Yiyo. "Ndi yakumnika ithende loBomi, kuye, kuhlwahlwaze." Kukho into kuLo, entsha yonke imihla, engcwengileyo necocekileyo. Lelingakrexezwanga iLizwi likaThixo entliziyweni nasemlonyeni wakho, Lizingqinela, Lizithethela. Andikhathali nokuba kuyanetha, nokuba kuyakhithika, nayiphina imo yezulu eyiyo, uyavuya futhi ngokuba uMoya oyiNgcwele ulapho uyahlwahlwazela. NgaMandla afihliweyo. Qaphela. Owu, imfihlelo yayo ingaphakathi kuyo.

122 Inikezela ngayo, ngokukhululekileyo, kuye nakubani oyakusela aze asebenzise okwayo. Ngoku akucholi, uthi,

"Kulungile, ngoku kufanele nje ndiye kwicawa yaseWisile ngokuba ndingumWisile, ndiye kwimvuselelo. Ndifanele ndiye *apha*, kodwa (ukuba) ndifanele ndiye kwaMoya ngokuba ndingowe mvuselelo yakwa Moya." Ndiyakuxelela, xa uphaya kulamthombo waManzi umpompoza, ela Thende, xa usela apho, akukho mahluko, unika yonke into ethi ize. Ukulungele ukunika ithemba loBomi kumKatolika, kumProtestanti, kumJuda, kongenankolo, nokuba yintoni na. Ngenene, ngenene ufumene Into ethile kuwe, eyenzayo lo nto.

123 Uqaphela enye into malunga nayo, akudingeki ukuba uyithe. Akudingeki ukuba uyitsale, kwaye uyithe. Ndibone okuninzi kwalonto de kundenze ndigule, kuthiwa into ethile; kudlalwa ingqokelela yomculo, kwaye kutsitywe phezulu nasezantsi, okanye—okanye ingqokelela yokufundwayo edolophini, namaphawu amakhulu, "Indoda yeyure."

124 Inye kuphela iNdoda yeyure, kwaye lowo nguYesu Kristu, Onguye izolo, namhlanje, naphakade. Mnye kuphela uMthunywa ovela kuThixo, kwaye ngu—nguYesu Kristu. Ewe, mhlekazi.

125 Akudingeki ukuba uyithe Yona, okanye uyitsalele ezantsi Yona. Okanye, hayi, akudingeki ukuba uzixokomezele Kuyo. Uthatha nje Yona, ngokukhululekileyo. Amen. "NdiliThende laphilayo aManzi; nindishiyile Mna, nayokuzenzela amatanki." Ngoku akudingeki ukuba nilithe Lona, nilithe Lona, nilitsale Lona, nilixokomezele Lona, nilombe Lona, nanye into. Uthabatha nje simahla kuLo, ngokukhululekileyo.

126 Akudingi okwenziwe yindoda okwakwalizwi kube sisihluzo, nokuba, kukuxelele okogqitha Kulo, Yenza ntoni. Nanto. Okunye okwenziwe ngumntu wakwalizwi kokunye kwenkqubo yenkolo, inkolo yobulungisa bomntu *kuko, koku*, okanye elinye iqula lenkqubo yenkolo; akuyidingi. Akunyanzelekanga ukuba ibelapho. Ubeka ilaphu Kuyo, Iyakulilahla ligibiseleke emoyeni. Alinanto yakwenza nalo. Liyazixhasa! NgaMandla kaThixo empompozela eBomini. Kutheni umntu anokushiya into Enjalo, azixokomezelele kwinkqubo, kungaphezulu kwendinokutsho. Alidingi laphu lokuhluza. Aliyidingi. Alidingi libe yilonto, alidingi kuxhomekeka kwimvula zendawo ukulizalisa. Lizele lonke ixesha. Amen.

127 Indoda, ndibave besithi, "Ndisezantsi nje enkukumeni namhlanje." Owu, bethu!

128 Owu, ndiyavuya ukuphila eBukhweni bukaThixo, nokuba izinto zihamba kakuhle okanye kakubi. UbuBomi bam. Amen. UbuBomi bethu. UbuBomi, obuninzi uBomi. Ewe, mhlekazi. Kwaye—kwaye jonga Isenzela ntoni. Amandla nobunyulu bayo bungaphakathi Kuyo. Ayidingi kuhlohlwa okusuka equleni okanye nakuyiphina inkqubo.

129 Omnye wathi, “Kulungile, yintoni ikhadi lakho lobudlelwana? Masibone ukuba ungumBhaptizi olungileyo. Ndakubona ukuba unalo ikhadi. Okanye—okanye, olungileyo wakwaMoya, ukuba ungowoBunye, Sibini, Sithathu, okanye—okanye nayiphina enye.” Yabona, Ayidingi nakuphina ukuhlohlwa. Isoloko ihamba. Ewe.

130 Uyazi, ndandidla ngokubanalo eliqula lidala, kwakufuneka ndigalele amanzi ezantsi phaya kwaye ndilihlohle ze ndilihlohle ze ndihlohle, ngalo mbhombho mdala wokufunxa, ukuwakhupha apho; uyazi, ndigalele amanzi kulo, kwaye nje ndigalele ingqokelela yeerhorho nezinto phakathi, ukutyalela ngaphandle irhorho nezinto. Yilonto nje emalunga nezinye zezi nkqubo zeemvuselelo ziyiyo.

131 Kodwa, ndibulela uThixo, “Kukho iThende elizele liGazi, apho aboni bafihlwe phantsi komsinga!” Akwenzi malungu ecawa; wenza amaKristu kuwo xa esiza kwelo Thende.

132 Kutheni uyakushiya iThende lamanzi aphilileyo, usele kwinto engumgxobhozo enjengaleyo?

133 Akukho kuthiwa; amandla Alo angaphakathi kulo. Akulo Ayidingi kuhlohlwa, ewe, mhlekazi, ngo (Kunokwayo) UBomi Bayo bukuYo. Yilo ndlela imbewu kaThixo iba sentliziyweni yomntu. Ubomi bukaThixo bungaphakathi kumntu ngamnye, hayi ebandleni. Kuwe, bukuwe, nguwe onechaphaza loBomi kuwe.

134 Nje ukungcamla kube kanye Kuyo kuyakholisa kubo bonke abakhokeli. Buza umbingeleli womKatolika, buza umBhaptizi, nokuba yintoni. Nje ukungcamla kube kanye kulo mkhulu wamanzi amatsha ompompozayo, ndiyakuxelela, iyakholisa ukuba Iyi Nyaniso. Umphefumlo wakho olambileyo, nokuba kunjani, uyakholisa kunxano, nokuba kunjani. Ngoku ukuba akunxanwa . . . Lo mBhaptizi mncinci, wayenganxanwa, okokuqala; kodwa xa wathi wanxanwa, amanzi avakala kamnandi kakhulu. Kunjalo, kodwa kufanele unxanwe, “unxano olusikelelweyo,” njengoko uYesu wakubiza oko. “Ninoyolo nina xa nithi nilambe kwaye ninxanelwe ubulungisa, kuba niyakuhluthiswa.” Kwaye uYesu wakutsho oko, sihlobo. Ewe, mhlekazi, LiThende elisikelelweyo konxaniweyo.

135 Kutheni namnye uyakufuna ukunanisa Ngalo ngomgxobhozo? Ungathanda njani ukunanisa umthombo ompompozayo ngamanzi omgxobhozo, agcwele iintsholongwane nokutyefeka kwako konke okwenziwa ngumntu ukwazi kwengqondo, athe uThixo, “Ukongeza elinye kwiLizwi Lakhe, okanye ukususa elinye kuMazwi Akhe, isabelo sakhe siyakususwa kwiNcwadi yoBomi”?

136 Kwaye xa uThixo wathembisa ukuba Uyakuligqinela eli Lizwi kuso sonke isizukulwana, “Kuba idinga likuni

nakubantwana benu, nakubo abakude, nakwabaninzi iNkosi uThixo wethu eyakubabiza," kutheni uyakutha kwinkqubo ethile yempompo ebityhefekileyo iminyaka, kwimana endala? Mhlawumbi imana yayilungile, akukho nto ichasene nayo, ngemihla kaMartin Luther, ngemihla *yoku* nangentsuku *zokuya*, nabanye abahlaziyi, akukhonto malunga nayo; kodwa yimana eyawa kwixesha lakudala.

137 Ukuba siyaqaphela eBhayibhileni, ukuba babefanele bayichole yonke imihla. Kwakufanele bafumane entsha. Emva kokuba ibendala, yabola. Ayinakubola ngaphandle kokophuka. Kufanele ukuba ibe nentsholongwana kuyo, okanye into ethile uku—ukuyenza ibole. Siyazi ukuba oko kunjalo.

138 Kwaye zinjalo iinkqubo! Emva kokulala phaya ukusuka kwenye imvuselelo enkulu ukuya kwenye, ize ityhefeke kwaye igcwale ziintsholongwane, kwaye njengequla ligcwele ngonojubalala, njengoko sasidla ngokubabiza, iintsholongwane ezindala ezincinci ezijubalazayo apho.

139 Kwaye yilo nto iyingxaki namava abantu abaninzi namhlanje. Ba—bazele ngonojubalala, bayajubalaza ukusuka komnye ukuya komnye, kwaye kwenye ukuya kwenye, bebalisa iintsomi ezingenaNyani kuzo konke. Kunjalo, jubalaza kwenye ukuya kwenye. "NdandingumWisile; ndazixokomezelela kwiBhaptizi. NdandingumKatolika; ndeza ukuba ndibe *koku*. Ndeza ukuba ndibe *kokuya*." Ngonojubalala nje. Owu, libala ngalonto yonke!

140 Kwaye yiza kwiThende, amen, uMthombo ompompozayo, obuphila-ngonaphakade uBukho bukaKristu! Ndiyakholelwa Ulelingomiyo iThende loBomi. Ngokuninzi ufumana Kuye, uya ubamtsha, kwaye xa ibanda, ibangcono, kwaye uvakale mnandi. Bendimkhonza Yena ngoku kumashumi amathathu anesithathu, kwaye yonke imihla uba mnandi kunokuba ebenjalo kwisuku eligqithileyo. Bendi . . . Wathi akunakubuya unxanwe ukuba sisela kula Manzi. Qaphela Mkhulu kangakanani. Owu!

141 USirayeli wenza njengoko isininzi senzayo namhlanje, bashiya ithende lamanzi aphilileyo, baya kuzimbela amaqula.

142 Ngoku ukuthetha ngobabalo okomzuzwana, yintoni inceba kaThixo. Sinemithetho nemithetho yabucala, "Kwaye ukuba akulinganiseleki kwelinqanaba . . . Ndinokhuni lwenkolo lokulinganisa; ukuba akulinganiseleki kulo nto, ufanele, akunakuza ngaphakathi," nokunye. Kodwa uThixo usisindisa ngobabalo, hayi ngokhuni lokulinganisa. Yabona? Kodwa uThixo, ndithetha ngobabalo ngoku, nje kwenzeka njani oku kubekho, ukusela Kuye. Kwelikhuni lokulinganisa . . .

143 Ukumbombozela, uSirayeli ombombozelayo. Qwalasela, Wathi, "Kwaye Ndiyakunityelela kwakhona." Qaphela

eSibhalweni. Qaphela, Uzakubalinga, abatyelele kwakhona. USirayeli ombombozelayo, kuLwandle oluBomvu, wayemenyiwe ukuba alandele Yena ukunqumla kulomanzi amileyo aseYiphutha, ukuba babe ngabantu abakhululekileyo. Babengamakhoboka. Babemenyiwe ukuba beze babe ngabantu abakhululekileyo, kunye Naye. Baphuma ngolwandle olufileyo, ulwandle olufileyo; uLwandle oluBomvu, gxebe, baphuma ngoko, ukuya entlango, ukuzisa iyantlukwano phakathi kwabo nabalinganisi bezama ukuyilinganisa, ngaphandle kolwaluko.

144 Owu, yilonto yenza ingxaki. Bonke ngabanye batshabalala apho entla . . . okanye kanye—kanye elwandle, uFaro nomkhosi wakhe. Babona abantu behamba ngaMandla angaphezu kwendalo, yiyo lonto babuya emva apho baza bazama ukulinganisa oko, ngaphandle kokubandakanyeka entsikelelweni. Kwaye xa bakwenzayo, batshabalala. Kukuthelekisa kwenyama.

145 Umntu ozama ukwenza oko, ozama ukulinganisa into ethile, ngoko wenza uthelekiso lwenyama yoMkristu wenene.

146 Umzalwana wam weNdiya phaya uyakwazi oko. Esuka eBombay kwaye uyakubabona abantu apho, amaHindu nokunye, belele phezu kwencula naphezu . . . behamba kwiglasi kwaye—kwaye behamba emlilweni, ukukubonisa abanokwenza, kwaye nezinto ezinje . . . Kukulinganisa kwenyama komntu emva phaya emahlathini, wenza oko edinini kwisithixo sakhe.

147 Siyafumanisa ukuba kubo bonke ubomi beenkolo, ukulinganisa kwasenyameni, umntu othile ezama ukuba njengomnye. Kukho omnye kuphela umzekelo ofanele ubenje ngawo, kukuba nje ngoYesu Kristu, Owaye liLizwi. Kwaye ngoko xa iLizwi likaThixo lisiza kuwe, liyakuba yindlela enye.

148 Kodwa uThixo wabakhokelela kumhlaba wesithembiso, nakanjani. Bafumana, kananjalo, zonke iitanki, xa baqala entlango kuhambo lwabo ngoku, emva kokuba bezahlule, bafumana ukuba lonke itanki lalomile, kubo.

149 Kwaye uyakufumana kwa lo nto inye, mzalwana, xa uqala oluhambo ukuya kuMhlaba wesithembiso. Uyakufumana iingcango zivaliwe. Njengala mshumayeli mncinci wathi, umTshetshi, okanye nokuba wayeyintoni, kwaye, into yokuqala, ibandla lakhe lamgxotha. Yabona, oko wabanabaninzi abafumana uMoya oyiNgcwele, yaba sisiphelo salonto.

150 Kwaye—kwaye uSirayeli wafumana kwa into enye, njengomzekelo, kuhambo labo ukuya kumhlaba wesithembiso. Amatanki onke ayomile. Ewe, uhambo lwabo ngokuthobeka lokuya kwiLizwi Lakhe lesithembiso, uhambo lwabo, kumatanki, bawafumana omile. Ngoku bafumana itanki—amatanki akunakuxhomekekwa kuwo, ngohambo.

151 Kwaye xa usiya kuhambo ngokuthobeka kwiLizwi likaThixo, kwaye uzame ukuzixokomezelela *koku* uze uzixokomezelele *koko,* uyakufumanisa apho akukho tanki ehlabathini elinokuyixhasa Yona. Konke konke. Ungumntu wedwa. UThixo ukukhokela nje ngendlela Athanda ukukhokelela ngayo. Ngoko, sifumane kwa into enye namhlanje, onke amatanki omile.

152 Kodwa ithemba, asoloko enyanisekile, kuThixo Oyakusigcina isithembiso Sakhe kubantu Bakhe. Wathembisa ukubanika konke abakudingayo, ngoko Wakwenza oko. Phakathi kwelingenanto, elomileyo itanki, cinga nje ngalonto; kunye noSirayeli okhalazayo, entlango, eluhambeni! Wabiza isicaka-nkokheli Sakhe, umprofeti uMoses, ecaleni, waza wavula ithende lamanzi aphilileyo, ngeLiwa elibethiweyo, ukuze abantwana Bakhe abakholwayo bangatshabalali.

153 Kulomhla, othetha ngobabalo, kum. Singabangafanelekanga. Ngendlela esenzileyo, ngendlela esiyiphilileyo, singabangafanelekanga.

154 Kodwa uThixo, kulomhla, njengalapha kusasa nje, jonga, kumaWisile, Bhaptizi, Rhabe, Katolika, nako konke, Uvule Ithende. MaHebhere 13 uyakuphuhlisa oku, ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Ngoko ye—yenza inyaniso, Yohane 3:16, "Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo Kuye bangatshabalali, koko babe noBomi obungunaphakade."

155 Kwaye yaphakanyiswa ngesizathu esidibeneyo, ngokuba abantu babembombozela kwaye besona, kwaye betyiwa ziinyoka kwaye besifa; kwaze ngokuxolelwa kwezono zabo, nokuphiliswa kwezigulo zabo.

156 Kwaye isekwali Thende elivuliweyo kuthi namhlanje, ukwenzela usindiso lwethu nempiliso yethu, impiliso enyameni. "Ngokuba isekwaNguye izolo, namhlanje, naphakade."

157 Kwaye xa iLiwa elalibethiwe ngeLizwi likaThixo lesithembiso, layalela, Lalinika aphokokayo angcwengileyo acocekileyo amanzi; hayi—hayi amileyo, hayi atyhefekileyo, kodwa uBukho bukaThixo Ngokwakhe. Amanzi angcwengileyo, kwaye kwasindiswa bonke abaselayo. Ngoku siyazi oko kuyinyaniso, ngokuba siyifunda kwi Testamente Endala, njengomfuziselo.

158 Ngoku, akudingekanga ukuba uyitsale, uyithe, uyixokomezelele, uye kwisikolo sakwalizwi ukuya kufunda ukuba isetyenziswa njani na. Bayakuxelela ukuba isetyenziswa njani apho, yabona, "Owu, kulungile, u, ukuba ufumene uMoya oyiNgcwele, siyakholelwa koko, kodwa ngoko ye—yenza *ngale* ndlela."

159 Kodwa, uyabona, akukho lulawulo kuyo. Awusebenzisi Moya oyiNgcwele; uMoya oyiNgcwele usebenzisa wena, yabona. Yabona, akufanele, akufanele usebenzise uMoya oyiNgcwele; uMoya oyiNgcwele ufumene wena. Isipho asiyonto oyithabathayo, njenge mela, uze ulole ipensile ngayo. Kukuzinikezela kuThixo, kwaye uzisuse wena endleleni ukuze uMoya oyiNgcwele abe nokusebenzisa.

160 Qaphela, zange kufuneke bayithe okanye bayitsale, okanye zange kufuneke babuze, "Ngoku siwasebenzisa njani lamanzi?" Ngokuba, babesazi ukuba asetyenziswa njani. Babenxaniwe. Babesazi ukuba benze ntoni ngawo.

161 Kwaye injalo indoda okanye umfazi, intoni, nokuba ngowuphina umgaqo okanye ihlelo azibandakanya nalo. Ukuba unxanelwa uThixo, akufuneki ukuba ubalekele esikolweni sakwalizwi, njengalo mzalwana womTshetshi wenzayo, okanye umzalwana woMbhritani, phezolo, kwafuneka abuyele abuze kunjani, kwibandla lamaTshetshi, angasisebenzisa njani esi sipho anaso, ethetha iilwimi, kwaye kufuneka ayenze njani le *nto*. Babeyakumkhabela ngaphandle, okokuqala. Yabona? Wayenxaniwe, ngoko uThixo wabagcwalisa. Yilo nto yonke ekuyo. Kukunxanwa, kwaye ngoko Uyabagcwalisa nje.

162 Akunyanzelekanga ukuba ube nolawulo, mntu uthile ukuxelela ukuba wenze ntoni ngayo. UThixo ukhokela umntu ngamnye nge—ngendlela Afuna wena uyenze. Wena u—ungumntu wedwa, ngokwakho. Uyinxalenye kaThixo. Akukho mntu unokuthatha indawo yakho. Kwaye akukho ndlela onokuya ngayo komnye umntu, uze uthi ngoku, kuyakufuneka "ndenze *oku* ngayo," okanye kufanele "ndenze *oko* ngayo." Hayi, mhlekazi. UThixo uyisebenzisa ngendlela e—efunwa Nguye. Xa unxaniweyo, wazi ngokoneleyo okuselwayo.

163 Kwaye ukuba unxaniwe kusasa nje, sela Kuwo, yilonto kuphela ofanele ukuyenza. UThixo wenze indlela ngonxano lwabo, abantwana abanxaniweyo baxhamle simahla kuYe. Kwaye uThixo wenzele yonke indoda nomfazi indlela ngalentsasa, lowo olambileyo kwaye onxaniweyo. Mhlawumbi kukho abantu abahleli apha, abangazange basindiswa. Kukho abantu abahleli apha abakwinyoba yokuba basindiswe.

164 Kukho abantu apha, abahleli apha njengamalungu ebandla, ufuna ukwenza kakuhle, kodwa usela etankini. Abasokuze bakuxelele ezi Nyaniso.

165 Kuphela kwento, ezayo, kukuthabatha isithembiso sikaThixo kwaye uze kweloThende, ngoko Uyakulonelisa olo nxano. "Lowo uselayo kweliThende akasayi kunxanwa naphakade."

166 Qaphela ngoku Wabakhulula njani—njani Abakhe—Abakhe abawamkelayo lamanzi, ngobabalo, kwaye hayi ngenkqubo okanye ngequla lezemfundo. Uyaligqinela iLizwi Lakhe, yinkonzo enika uBomi. Bangaphi apha abaziyo ukuba ufumene uBomi xa uthabathe elaLizwi namanzi Akhe, nje wazi ukuba ufumene uBomi? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

167 Masithathe, kulungile, umzekelo, nje omnye umzekelo, okanye emibini, ze ndivale nje kwithutyana. Ndi—ndifanele ndibenelaqhosha ndaweni ithile. Kodwa qaphela. Ndiyaqhubekeka nje ndithetha, kodwa andijonganga ukwenza lonto. Jonga, masithathe ngokomzekelo, ibathwana nje labantu.

168 Masithathe umfazi emthonjeni kaYakobi, owombiweyo umthombo. Wayehleli apho. Kuphela kwento abafazi abayaziyo, leliqula apho wayeze kukha amanzi. Kwaye apha ngasemthonjeni wafumana, kulombono mcinci ubanzi apho, iNdoda ihleli apho, umJuda. Kwaye wayengumSamariya, sisixeko saseSikare. Kwaye siyafumanisa ukuba le Ndoda, lomJuda, wathetha aMazwi angaqhelekanga kulomfazi, wathi, "Ndizisele isiselo"

169 Wathi ngoku, "Asinabudlelwana. Aku—akulungile ukuba Wena undibuze umbuzo onjalo; Wena wakugqiba ukuba ngumJuda, kwaye mna ndingumSamariya."

170 Wathi, "Kodwa ukuba ubusazi Ngubani lo uthetha naye, ubuyakucela Kum amanzi, kwaye Bendiyakukunika amanzi obungasayi kuphinda uze kweliqula ukuza kusela; abe ngamanzi ampompozayo kuwe." Qaphela xa wakufumanisa ukuba oku kuphuhliseka kuyiNyaniso!

171 Ngoku, kuqala, nayiphina indoda yayinokutsho oko. Kodwa wathi, "Nithi unqulo luse Jerusalem, kwaye thina sinqula kulentaba."

172 Wathi, "Usindiso lolwamaJuda. Siyakwazi esikukholelwayo. Kodwa," wathi, "maNdikuxelele into ibenye," ngamazwi anje, "asikuko nakulentaba, okanye eJerusalem. Ixesha liyeza xa umntu ayakumnqula uThixo ngoMoya nange Nyaniso, kuba uBawo ufuna abanjalo." Wathi, "Hamba ubize indoda yakho kwaye uze nayo apha." Qaphela, apha kwaliphuhlisa. Apha kwabonisa ukuba leliphi ithende awayekulo. Wathi, "Hamba ubize indoda yakho kwaye uze apha."

Wathi, "Andinayo nenye indoda."

173 Wathi, "Uthethe inyaniso." Yabona, yakhangeleka ngathi yayikukungangqinelani okuphandle koko Wakubuzayo kuye, kwaye wathi, "Hamba ubize indoda yakho."

Wathi, "Andinandoda."

174 Wathi, “Uthethe inyaniso.” Wathi, “Ngokuba ubunamahlanu, kwaye le inye uhlala nayo ngoku asiyoyakho.”

175 Qaphela la mfazi, wahluke njani kubabingeleli balo mhla! Ababingeleli balo mhla babona kwa into enye isenzeka, baze bathi, “Lidemoni, ufundo lwengqondo, okanye—okanye uBhelezabhule.” Yabona, basilela ukubona iLizwi lesithembiso soko.

176 Kodwa la mfazi mncinci wabangcono kakhulu ngeZibhalo kunabo nabaphi ababingeleli. Wathi, “Mhlekazi, ndiyabona ukuba Ungumprofeti. Asikhange sibenaye amakhulu amane eminyaka, ukususka kuMalaki. Kodwa,” wathi, “besifuna yena, kwaye siyazi ukho Ozayo, uMesiya. Kwaye xa Athe wafika, lena yinto Ayakuyenza.”

UYesu wathi, “Ndinguye.” Amen.

177 Uqaphele, wawushiya umphanda equleni lika Yakobi, wabaleka wehla ukuya esixekweni; ezele ngawomthombo ompompozayo! Wakubona kungqinelwe ngokugqibeleleyo, kwaye Waye eleloThende loBomi. Mandikwazise kuye. Wakushiya oko; xa Waphuhliswayo ukuba liLizwi loBomi. Wayishiya; kwaye wabhaqa ukuba kwa iLiwa elinye, elabethwayo entlango, lalingqinelwe ukuba lalikhona ngoko.

178 Manditsho, loo Thixo mnye owaye kwiintsuku ezigqithileyo, esithetha kakhulu ngazo, Ukhona ngoku apha; hayi ngengqiqo yesikolo sezakwalizwi, kodwa ngolwazi lomntu lokuzingqinela Kwakhe ukuba Uyakuthulula kwimihla yokugqibela, uMoya oyiNgcwele phezu kwebandla Lakhe. Akango “Bendinguye.” Usengu “NDINGUYE,” ixesha langoku, okoko.

179 Ngoko iqula lalahlekelwa yincasa. Kwaye kunjalo kumntu wonke othi awele kumandla kaThixo, ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, iinkqubo zamahlelo zilahlekelwa yincasa yazo. Akufuni kwakhona okwalo masele amileyo, namacikilishe, neentsholongwane, nezonto. Usela kwi Thende elitsha nelingcwengileyo, iLizwi likaThixo, litsha ngayo yonke iyure emphefumlweni wakho. Into enye njengangoku, xa iLizwi liphuhlisiwe ukuba liyiNyaniso, live kwaye lingcamle kwaye ulibone ukuba alilunganga na.

180 Nakuba iqula lilifezile kakuhle, lilifezile ixesha lalo kakuhle; kodwa, uyabona, iThende loBomi lalilapho, hayi iqula likaYakobi hayi kwakhona, okokusela kukamoya. Babecinga ntoni, ukuba babesela kulomthombo, kutheni, ngekulungile konke; kodwa ngoku iThende loBomi Ngokwalo lalihleli apho.

181 Ngoku asifuni zinkqubo nemibutho esasinayo. Sisesiphelweni sexesha. Kwaye uThixo uthembisile, kwelixesha lesiphelo, izinto Ayakuzenza. Kwaye sizibona

zizaliseka, ngokuseLizwini. Siva indoda yasemkhosini wamandla, isima, kwaye ingcangcazela, kwaye isithi, ba, "Kukho into ethile elungiselela ukwenzeka." Siyamva uMoya oyiNgcwele esiyala ukuba into ethile ilungiselela ukwenzeka. Sibona yonke into isiba ngendlela. Ngoko, shiya lo nkqubo uze kwiThende. Ewe, mhlekazi.

182 Iyifezile injongo yayo, kodwa ngoku waye ejamelene neThende Ngokwalo.

183 KuYohane 7:37-38, UYesu wathi kwimihla yokugqibela yesidlo seminquba (Wathini?), "Ukuba kukho othi anxanwe, makeze Kum, aze asele." Kanye kwigquba labakwalizwi! "Ukuba nawuphina umntu unxaniwe, makeze Kum, kwaye asele. Kuba iSibhalo sathi, embilinini Wakhe kuyakumpompoza imilambo yaManzi aphilileyo."

184 Kukho iThende eliphilileyo. LiThende abantu abalishiyileyo namhlanje. Ngemigaqo, balishiyile iThende laManzi aphilileyo. Mandikwazise Kuye. Ngu, kum . . . Kwaye ndiyavala.

185 Ngu, kum, ulela Thende lasindisa ubomi bukaHagare, kunye nomntwana, xa babesifa entlango.

186 Ndiyakholwa UleloLiwa, ku Isaya 32, Uyila Ngxondorha ezweni elibharhileyo. Uyindawo yokusithela ngexesha loqhwithelo.

187 Zakariya 13, UliThende elivulekileyo kwiNdlu kaDavide, ngenxa yesono. Ndiyakholwa ukuba Uyilonto. Akunjalo kuwe? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

188 Kwii Ndumiso 36:9, Ulithende lobomi likaDavide. UngaManzi azolileyo kaDavide, namadlelo aluhlaza. UngaManzi ngasemfuleni, ngenxa kaDavide.

189 Kwi Genesis 17, Ungumthuthuzeli obeka u-Abraham esifubeni, El Shaddai. Kodwa xa ubomi bakhe bemka kuye, noko wa . . . UThixo wathi.

190 "Indoda yekhulu leminyaka ubudala, iyakwenzeka njani lento? Ndimdala, umfazi wam mdala, zingenzeka njani ezi zinto?"

191 Wathi, "Ndingu El Shaddai." Ngoku, u-*El* yi "eyona," kwaye—kwaye u*Shaddai* yi "sisifuba," kwaye uShaddai sisininzi, okuthetha "NdinguThixo onesifuba."

192 Njengosana oluyinkenenkene nolugulayo, kwaye amandla alo amkile kulo, loyame ngesifuba sikanina aze abuyisele amandla alo kulo. Ngokuqinisekileyo. Hayi kuphela . . . Xa alongayo, alibinkenenkene hayi kwakhona. Ebeleni likanina, lwanelisekile ngelixesha lifumana amandla.

193 Kwaye wonke umntu oyakuthatha idinga likaThixo entliziyweni yakhe, ukuba, "Idinga likuni, kwaye

nakubantwana benu, nabo bakude, nakwabaninzi eyothi iNkosi uThixo wethu ibabize," ize ilale ngokoyama kulonto kwaye akonge abuyisele amandla akho kuwe. Usana olunkenenkene, yikholelwe! Iyeyamakholwa.

194 Kwikholwa eliyimbongi, ndingacinga ngengoma ezininzi ezisiqambele zona iimbongi. Kwakukho omnye wazo ngelinye ixesha, Wa . . .

Kukho iThende lizele liGazi,
Litsala emithanjeni ka Imanuweli,
Xa aboni benyalwe phantsi kwempuphuma,
Lisusa onke amabala esazela.

Ela sela lifayo lavuya lakubona
Ela Thende ngentsuku zalo;
Ndinga ndingalapho, noko ndilihlazo
njengalo,
Hlamba zonke izono zam zimke.

Kwaye oko ngokokholo ndabona umsinga
Elonxeba Lakho linika,
Uthando oluhlangulayo libe sisihloko sam,
Kwaye liyakuba njalo de ndife.

195 Kum, UngaManzi eLizwi lokwaHlukanisa, elohlukanisa wena kwinto yonke engangqinelaniyo neLizwi Lakhe. Elo liThende endikholwayo ukuba Yena ulilo. Ewe, mhlekazi. Oko, KungaManzi ewandahlukanisayo kumaqula enziwe ngabantu, andisa kwiThende laManzi aphilileyo. Owu, sihlobo, ndinga . . . Ungahamba nje uqhubeke kwaye uqhubeke, nezinto azi—Azizo kuthi! Ungu Alfa, no Omega. Usisiqalo, UsiSiphelo. Unguye oNguye owayekho, okhoyo, osayakubakho. UyiNgcambu neMbewu kaDavide. UliKhwezi loKusa. Ukokwam Konke kuko konke.

196 Kwaye, mzalwana, dade, ukuba akukabi ne—ne . . . Ubusela nje kwelitaki lincinci lenziwe ngumntu, bonke ubomi bakho, kutheni ngalentsasa ungalishiyi elatanki kwaye uze kweliThende?

197 Masithobiseni iintloko zethu nje okwethutyana. Zithotyisiwe iintloko zethu . . . [Udade uqalisa ukucula ngelinye ulwimi. Indawo engananto eteyiphini. Omnye unika utoliko—Mhl.] . . . kolwam uluvo, isiguqo. Bangaphi ngoku?

198 Be—bendiphakuphaku, be—bendinigcine ixesha elide, yandenza ndawunqunqa umyalezo wam waziziqwenga. Kodwa ndiyakholwa uMoya oyiNgcwele ufuna wena ufumane ebendisingisele kuko. Jonga, akukho nto ibalulekileyo kulomhla kunokuba ulunge kuThixo; yabona, izidlo ezikhulu zethu, nokuba iyintoni, nokuphi. Inkosi ilapha. Ngoku, ndakuva oko kwaba kanye kuphela ebomini bam, de kube lelixesha.

199 Ngoku kunjani . . . nonke kuni apha, hayi "bangaphi." Nonke kuni apha abafuna ukusela Kulo, yima nje okomzuzu, nje ngomthandazo. UThixo akusikele. Inkosi ikusikelele.

200 Ngoku bangaphi apha, aba—abamileyo bekhona ngoku, bangathi, ngokuphakamisa izandla *ngoluhlobo*, "Thixo, shukuma kum, ndizalise nje, ndenze ndisele kweli Thende. Kwaye andikwenzanga nje okolungileyo, kodwa ndi—ndifuna Wena undixolele ngalonto. Ndifuna Wena uhlambe izono zam. Kwaye undenze—ndenze—undenze, ukusuka kulomhla, nje . . . "? Jonga nje! Bethu!

Kukho iThende lizele liGazi,
Litsala emithanjeni ka Imanuweli,
Kwaye aboni bahlohlwe phantsi
kwempuphuma,
Lisusa onke amabala esazela.
Lisusa onke amabala esazela,
Lisusa onke amabala esazela;
Kwaye aboni bahlohlwe phantsi
kwempuphuma,
Lisusa onke amabala esazela.

201 Ngoku oko, nina ningamakholwa amaKristu, nimamkele uKristu njengoMsindisi wenu, kodwa aninayo okwangoku . . . Ngoku ukuba akukabinayo, lilo iThende. OMnye kuphela endimaziyo lela Thende lisuka emithanjeni ka Imanuweli. Ngoku, kwaye ukuba abaninzi benu apha . . .

202 Kunje ngokuba bendithetha ngobunye ubusuku malunga nelikhozana lincinci lihamba ehokweni neenkuku. Kwaye zange lazinto ngaphandle kweenkuku, kodwa wazi ukuba kukho okwahlukileyo malunga naye kwezinye iinkuku. Kwaye ngoko unina wezakumzingela, waze wakhwaza phezulu. Yayilubizo lokhozi. Yabona, wayefanele abe lukhozi, okokuqala, okanye wayengekhe alwazi olwabizo. Yabona, wa . . .

203 Kufanele kubekho into apho, ekhulayo, okanye ayinakuvelisa uBomi. Kwaye ukuba iMbewu, iLizwi likaThixo, likuwe, uMoya oyiNgcwele ulapha ngoku ukukhulisa oko aze ayizise Lonto kuwe ikuqobo.

204 Bangaphi apha abangekalufumani ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ungaphakamisa izandla zakho? Nonke jikelele, naphina, unyaniseke nje kakhulu, ukuba akukawamkeli uMoya oyiNgcwele, kwaye ungathanda ukuwamkela, phakamisa isandla sakho. Naphina apho ukhoyo, gcina nje isandla sakho phezulu, nje okwethutyana.

205 Ngoku ndifuna, nina nimileyo kwaye nijonge kubo, ndifuna umntu othile abeke izandla phezu kwabo.

206 Ndiyakholwa khona ngoku uMoya oyiNgcwele uyakuzalisa wonke ubani kuni Omfunayo. Ngoku sanukucinga ngokutya phandle phaya ezikroxweni. Masicinge ngokuKutya apha. Kuko kanye Oku. Obu buBomi. Yabona, obu buBomi.

207 Ngoku guqukela ecaleni, nonke ngabanye, uze ubeke izandla komnye. "Kwaye babeka izandla phezu kwabo!" Ngoku ndifuna wena uthandaze ngenxa yalomntu ubeka isandla kuye. . .

208 Ngoku sukucinga ngokuphuma. Sukucinga ngenye into. Cinga nje, kanye ngoku, uMoya oyiNgcwele ulapha ukuzalisa umntu. Vula intliziyo yakho, lahlale phandle wonke amanzi equla, uze uthi, "Owu Thende loBomi, yiza kum. Ndizalise, Owu Nkosi Thixo, nobo bulungisa nenceba Yakho."

209 Nkosi Yesu, elo lingadinwayo iThende! Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakuzalisa omnye ngamnye kubo. Wanga uMoya oyiNgcwele ungawa apha. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba siyakulibala konke malunga nayo yonke into; ukuba uMoya oyiNgcwele uwe phakathi kwethu, nje ngangoko, kwaye uyakusinika loo Manzi oBomi, simahla, evela kwindawo yonke. Siphe, Owu Thixo. Ngelithuba ku—kuqhutyekekwa ngomthandazo nomculo, idibana yonke, Nkosi, usazi oko Bubukho Bakho, Ubukho Bakho Obungcwele, sifuna ukuza eThendeni. Sifuna uqobo, olwemvelo ubhaptizo ngoMoya oyiNgcwele. Nkosi, aba bantu bathandazela Wona. Ndiyathandaza ukuba, elithuba lilungileyo ngoku, ukuba bayakuzaliswa bubulungisa bukaThixo. Siphe, Owu Thixo. Yiva imithandazo yabantwana Bakho. Wanga Ungeza kubuntu babo, anga aMandla kaThixo, noMoya oyiNgcwele, angatshayela phezu kwabo. Siphe, Thixo.

210 Owu sikubulela njani Ngokuhlaziya, ngoBukho boThixo waseZulwini onamandla, eme phakathi kwethu! Kanye ngaleyure yasemvakwemini, Nkosi, sondle! Nkosi, sifuna Ukudla okusuka etafileni Yakho. Sondle, Nkosi, nje ngangoku. Sondle ngoMoya oyiNgcwele, ebomini bethu. Imiphefumlo yethu eshumayelayo ilambile. Njengoko Utshilo ekuguqulweni kwengoma, "Iyakunisa amanzi phezu kwemihlaba ebharhileyo." Mayenzeke, Nkosi. Yenza Amazwi Akho abonakalaliswe ezintliziyweni zabantwana Bakho, "Amanzi phezu kowomileyo, kumhlaba obharhileyo." Thixo ongunaphakade, yiva imithandazo yezicaka Zakho, kwaye siphe lo Ntsikelelo. Amen.

Owu, ndimthanda njani uY-. . .

211 Qhubeka nje umdumisa Yena ngoku. Fumana, uMoya oyiNgcwele ulapha. Ukuba akuwamkeli Wona, lityala lakho.

Ndimthanda njani uYesu,

"Ndithanda wena Mna ngaphezu kwaba?"

. . . thanda uYesu,
Ngokuba Wandithanda kuqala.

Owu, ndimthanda njani . . . (Udumo malube kuThixo!)
Owu, ndimthanda njani . . . (Kungathini ukuba Angeza nje . . . ? . . . -thuba?)
Owu, ndimthanda njani uYesu,
Ngokuba Wandithanda kuqala.

Andisayi kumshiya Yena,
Andisayi kumshiya Yena,
Andisayi kumshiya Yena,
Ngokuba Wandithanda kuqala.

Mmangaliso, mmangaliso, uYesu yilonto kum,
Mcebisi, Kumkani woXolo, Thixo onaMandla Nguye;
Owu, sindisa mna, gcina mna kuko konke ukona nehlazo,
Mmangaliso nguMhlanguli wam, bonge Lakhe . . .

212 Masiyicule kuYe ngoku!

Mmangaliso, mmangaliso, uYesu yilonto kum,
Mcebisi, uKumkani woXolo, Thixo onaMandla Nguye;
Owu, sindisa mna, gcina mna kuko konke ukona nehlazo,
Mmangaliso nguMhlanguli wam, bonga iGama Lakhe!

213 Wonke ova oko, makathi "amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Owu, haleluya! Ndibona abanye abantu besiza ngoku, kunye noMoya oyiNgcwele.

Ndandilahlekile, ngoku ndifunyenwe, ndikhululekile ekohlwayweni,
Yesu ndinike inkululeko nosindiso oluzeleyo;
Sindisa mna, gcina mna kuko konke ukona nehlazo,
Mmangaliso unguMhlanguli wam, mayibongwe . . .

Masiphakamiseni izandla zethu ngoku size ngokuqinisekileyo sitha- . . .

Owu, mmangaliso, mmangaliso, uYesu yilonto kum,
UMcebisi, uKumkani woXolo, uThixo onaMandla Nguye;
Owu, sindisa mna, gcina mna kuso sonke isono nehlazo,
Mmangaliso ngumMhlanguli wam, malibongwe iGama Lakhe.

214 Niyamthanda Yena? [Ibandla lithi, "Amen!"—Mhl.] Owu, mmangaliso! Udumo malube kwiThende elizele liGazi, apho aboni balahla konke ukoyika komntu, konke ukohlwaywa, nje khululeka Kuye. Haleluya! Owu, bethu, kuyamangalisa ngenene oko!

215 Ngoku ngelixesha siculayo oko kwakhona, masiyeke onke amaWisile, Bhaptizi, Katolika, Rhabe, intoni, ngelixesha sicula oku, "Mmangaliso, uYesu yilonto kum," masiguquke nje size sibambe sixhawule isandla omnye nomnye, yiba nokuxubana nje okudala. Uyazi, ndi, yilo nto endiyithandayo. Yiza, masiyicule ngoku njengoko siyenza.

Owu, mmangaliso, mmangaliso, uYesu yilo
nto kum,

216 [Umzalwana uDemos Shakarian uthetha noMzalwana uBranham, "Mzalwana uBranham, ndinelizwi ngoMongameli Johnson, ukhawulezele esibhedlele ngenxa yohlaselo lwentliziyo, kwaye mhlawumbi kufanele sithandaze ngaye kunye nelizwe lethu." Abazalwana bayakuxoxa. Umntu othile uthi, "Masilinde umzuzu."—Mhl.]

Mmangaliso, Yesu u, (kunjalo)
Owu, Mcebisi, Kumkani woXolo,

217 [Umzalwana Shakarian kwakhona uthetha kuMzalwana uBranham, "Ndixolele, ndixolele kwakhona, ufuna ukuhla okomzuzu?" Umzalwana Earl Prickett ukhokela ibandla ekuculeni, *Mmangaliso*. Indawo engenanto eteyiphini. Ibandla liyacula *Kukho uMlambo Wo Bomi*. Enye indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

Ibhayibhile yathi, "Thandazani ngabo basemagunyeni."

218 Bawo wethu waseZulwini, sime kwisidingo sokuzilahlela ngenxa yenkokheli yesizwe sethu, uMongameli. Angangayazi le nto, Nkosi, kodwa Uyazi. Ndiyathandaza ngoMzalwana Johnson, njengoko avumayo ukuba likholwa Kuwe. Kwaye, Bawo, ukuhlasela kwentliziyo, siyaqonda, kumbethile. Ndiyathandaza, Thixo, bugcine ubomi bakhe. Siku—umbodamo wesizwe njengangoku, nanjani na. Kwaye yenza uMoya Wakho uhle phezu kwakhe, Nkosi. Kwaye njengangoku, esibhedlele okanye naphina apho akhoyo, kwaye yenza uMoya Wakho uhlele kwesaSibhedlele iWalter Reed kwaye uchukumise umzimba wakhe, ugcine ubomi bakhe. Nkosi, indoda iphantsi koxinzelelo, olukhulu uxinzelelo ngaphezu kokuba siqonda. Ngoko siyathandaza, Thixo, njengamakholwa kwaye njengenxalenye yesisizwe, sithandaza ngenxa yenkokheli yethu, ukuba Uyakumnika ukongezelelwa kobomi, kuleyure inkulu, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

AMAQULA AQHEKEKILEYO XHO65-0123
(Broken Cisterns)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa kusasa ngoMgqibelo ngesiNgesi, ngoJanuary 23, 1965, kwisidlo sakusasa se Full Gospel Business Men's Fellowship International eRamada Inn, ePhoenix, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2013 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
P.O. BOX 178, SOMERSET WEST, 7129 CAPE PROVINCE,
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org